IKHATHIKEZI YASE-HEIDELBERG

INGABULA-ZIGCAWU

IKhathikezi yaseHeidelberg, okanye iNcwadi yeMibuzo yaseHeidelberg, ibizwa ngeli gama kuba yabhalwa eHeidelberg, eyikomkhulu yephondo laseJamani eliyiPalatinati. Esi sivumo sokholo sabhalwa ngomyalelo kaFrederick III owayeyinkosi yalapho. Ukuze uHlaziyo lobuCalvin luphumelele kummandla wayo, le nkosi yayalela uZacharias Ursinus, umfundisi wekomkhulu, ukubhala ikhathikezi. Isiqhamo soko kwaba kukwenziwa kwekhathikezi entsha, ekwathi yakuba ivunyiwe yinkosi ngokwayo nayintlanganiso yamaCalvin athile adumileyo, yapapashwa ekuqaleni kowe 1563. Ithe yathandeka kwangoko, kangangokuba kwaba yimfuneko ukuba ipapashwe kathathu kwakuloo mnyaka. Ngaphezu koko, le ncwadi ithe, yasetyenziselwa nokuba ibe sisikhokelo kwezemfundiso kwiintshumayelo zangeCawe. Kupapasho lwesithathu imibuzo neempendulo yahlulwa izahlulo ezingama-52, ezibizwa ngokuba ziiCawe, ukuze iKhathikezi le yonke ibe nokucaciswa emabandleni kanye ngonyaka.

ENederland le Khathikezi yaseHeidelberg yaziwa jikelele, yathandwa kwangoko, ngakumbi ngemizamo kaPetrus Dathenus owayiguqulela kwisiDatshi, waza wayongeza le nguqulo kwinguqulo yakhe yeCulo laseGeneva zapapashwa ngowe-1566. Kwathi kwakuloo mnyaka uPeter Gabriel wenza umzekelo wokucacisa le Khathikezi kwibandla lakhe eAmsterdam kwiintshumayelo zakhe zasemva kwemini ngeCawe. IiSinod: zenkulungwane yeshumi elinesithandathu zayivuma le nkcazo-lukholo. Amagosa ke kwafuneka ukuba ayivume, bathi abefundisi bayicacise emabandleni. Ezi mfuneko zagxininiswa yiSinodi enkulu yaseDordrecht ngowe-1618-19**,** zaye zisanyanzelekile kwiiCawe zoHlaziyo ezingcambu yazo ikuHlaziyo lwaseNederland.

IKHATHIKEZ1 YASE-HEIDELBERG

ICAWE 1

1 **Umbuzo:** ***Yintoni ekuphela koyithembileyo ebomini bakho nakufeni kwakho?***

Impendulo: Kukuba mna ndonke, ngokomzimba nangokomphefumlo, ebomini nasekufeni **(a)** andingowam **(b)**, kodwa ndingowoMsindisi wam othembekileyo, uYesu Krestu **(c)**. Yena wazihlawulela ngokufezekileyo izono zam ngegazi lakhe elixabisekileyo **(d)**, wathi ngokwenjenjalo wandihlangula kulo lonke ulawulo lukaSathana **(e)**. Ukwandigcina **(f)** kangangokuba kungenakuwa nalunwele lunye entloko kum kungeyontando kaBawo osezulwini **(g)**; kwakhona yonke into isingisele elusindisweni lwam **(h)**. Kungoko uKrestu andiqinisekisa ngoMoya oyiNgcwele ukuba ndiya kubudla ubomi obungunaphakade **(i)**, ekwandenza ndivume ukumphilela ngentumekelelo kwixesha elizayo **(j)**.

Ubungquina:

(a) KwabaseRoma 14:8.
(b) 1 kwabaseKorinte 6:19
(c) 1 kwabaseKorinte 3:23; KuTito 2:14
(d) 1 kaPetros 1:18-19; 1 kaYohane 1:7; 2:2,12.
(e) KumaHebhere 2:14; 1 kaYohane 3:8; UYohane 8:34-36.
(f) UYohane 6:39; 10:28; 2 kwabaseTesalonika 3:3; 1 kaPetros 1:5.
(g) UMateyu 10:30; ULuka 21:18.
(h) KwabaseRoma 8:28.
(i) 2 kwabaseKorinte 1:22; Kwabase-Efese 1:14; KwabaseRoma 8:16.
(j) KwabaseRoma 8:14; 1 kaYohane 3:3.

2 **Umbuzo:** ***Ukuba unqwenela ukonwatyiswa ngale ndlela ebomini bakho nasekufeni kwakho, ziziphi na izinto ofanele ukuzazi?***

Impendulo: Hayi zezi zintathu **(a)**: Eyokuqala bubukhulu besono sam nokonakala kwam **(b)**. Eyesibini kukokuba ndingasindiswa njani na kwesi sono sam nakoku konakala kwam **(c)**. Eyesithathu kukokuba ndifanele ukumbulela njani na uThixo ngolu sindiso **(d)**.

Ubungquina:

(a) UMateyu 11:28-30.
(b) UYohane 9:41; UMateyu 9:12; KwabaseRoma 3:10; 1 kaYohane 1:9-10.
(c) UYohane 17:3; IZenzo 4:12; 10:43.
(d) KwabaseEfese 5:10; INdumiso 50:14; UMateyu 5:16; 1 kaPetros 2:12; KwabaseRoma 6:13; 2 kuTimoti 2:15.

EZINGOMNTU NOKONAKALA KWAKHE

ICAWE 2

3 **Umbuzo:** ***Usiqonda ngantoni isono sakho nokonakala kwakho?***
Impendulo: Ngomthetho kaThixo.
Ubungquina: KwabaseRoma 3:20.

4 **Umbuzo:** ***Umthetho kaThixo ufuna ntoni kuthi?***
Impendulo: UKrestu usifundisa oko ngesi sishwankathelo sithi: ‘‘Uze uyithande iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangengqondo yakho iphela. Nguwo lowo owokuqala nomkhulu umthetho. Owesibini ufana nawo: uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako.
Kule mithetho yomibini kuxhomekeke umyalelo uphela “nabaprofeti”.
Ubungqina:
UMateyu 22:37-40; IDuteronomi 6:5; ILevitikus 19:18; UMarko 12:30; ULuka 10:27.

5 **Umbuzo:** ***Unako na ukukugcina konke oku ngokufezekileyo?***
Impendulo: Hayi **(a)**, kuba ngemvelo ndinale ndawo yokumthiya uThixo kwanommelwane wam **(b)**.
Ubungqina:
(a) KwabaseRoma 3:10,20,23; 1 kaYohane 1:8,10.
(b) KwabaseRoma 8:7; KwabaseEfese 2:3; KuTito 3:3; IGenesis 6:5; 8:21; UYeremiya 17:9; KwabaseRoma 7:23.

ICAWE 3

6 **Umbuzo:** ***Ngaba uThixo wamdala umntu ekhohlakele egwenxa ngolu hlobo?***
Impendulo: Nakanye! **(a)** UThixo wamdala umntu elungile **(b)** nangokomfanekiso wakhe. Oko kukuthi, uThixo wamdala enobulungisa kwanobungcwele benene, ukuze abe nokumazi kakuhle uThixo uMdali wakhe, amthande ngentliziyo yakhe iphela, ahlale naye elonwabeni olungunaphakade, ukuze umntu amzukise uThixo emdumisa **(c)**.
Ubungqina:
(a) IGenesis 1:31.
(b) IGenesis 1:26-27.
(c) KwabaseEfese 4:24; KwabaseKolose 3:10; 2 kwabaseKorinte 3:18.

7 **Umbuzo:** ***Xa kunjalo ke, ngaba sivela phi na eso similo sonakeleyo somntu?***

Impendulo: Sivela kukuwa nakukungeva kwabazali-ngqangi bethu, uAdam noEva emyezweni **(a)**, apho konakala khona imvelo yethu kangangokuba sikhawulelwe sizalelwe esonweni thina sonke **(b)**.

Ubungqina:

(a) IGenesis 3; KwabaseRoma 5:12,18,19.

(b) INdumiso 51:5; IGenesis 5:3.

8 **Umbuzo:** ***Kodwa ke, ngaba sonakele kangangokuba singabi nakwenza nanye into elungileyo, sifune. ukwenza ububi kuphela?***

Impendulo: Ngenene sinjalo **(a)**, ngaphandle kokuba sizalwe ngokutsha ngoMoya oyiNgcwele **(b)**.

Ubungqina:

(a) IGenesis 8:21; 6:5; UYobhi 14:4; 15:14,16,35; UYohane 3:6; UIsaya 13:6.

(b) UYohane 3:3,5; 1 kwabaseKorinte 12:3; 2 kwabaseKorinte 3:5.

ICAWE 4

9 **Umbuzo:** ***Ngaba uThixo akamxakisi na umntu xa athi, ngomthetho wakhe, alindele emntwini into angenako ukuyenza?***

Impendulo: Nakanye; kuba uThixo wamdala umntu enako ukuwufeza umthetho **(a)**. Koko ngumntu owathi ngokuphenjelelwa nguSathana **(b)** nangokungeva okunenkani, waphosana nezo zipho, yena ngokwakhe, kwakunye babazukulwana bakhe **(c)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseEfese 4:24;

(b) IGenesis 3:13; 1 kuTimoti 2:13-14.

(c) IGenesis 3:6; KwabaseRoma 5:12.

10 **Umbuzo:** ***Ngaba oku kungeva noku kukreqa komntu kuThixo ufuna ukukuyeka kunjalo angakohlwayi?***

Impendulo: Hayi, nakanye; kuba uzicaphukele ngokupheleleyo **(a)** izono zemvelo nezemihla ngemihla, kwaye uzimisele ukuzohlwaya ngoku nangonaphakade ngomgwebo ofanelekileyo **(b)**. Njengoko watshoyo ukuthi: **"**Baqalekisiwe bonke abangahlaliyo ezintweni zonke ezibhaliweyo encwadini yomthetho, ukuba bazenze **(c)**.

Ubungqina:

(a) IGenesis 2:17; KwabaseRoma 5:12.

(b) INdumiso 50:21; 5:5; UNahum 1:2; IEksodus 20:5; 34:7; KwabaseRoma 1:18; KwabaseEfese 5:6.

(c) IDuteronomi 27:26; KwabaseGalati 3:10.

11 **Umbuzo:** ***Ngaba uThixo akananceba ke?***
Impendulo: Ewe, uThixo unayo inceba, kodwa ukwanabo ubulungisa [(a)]. Ngenxa yobulungisa bakhe kuyimfuneko yokuba isono esenziwe kuThixo ophezu konke sohlwaywe ngesohlwayo esingaphezu kwazo zonke, oko kukuthi ngesohlwayo esingunaphakade somzimba nomphefumlo [(b)].
Ubungqina:
[(a)] IEksodus 34:6-7; 20:6.
[(b)] INdumiso 7:9; IEksodus 20:5; 23:7; 34:7; INdumiso 5:4-5; UNahum 1:2-3.

ICANDELO LESIBINI

EZINGOSINDISO LOMNTU

ICAWE 5

12 **Umbuzo:** ***Njengokuba ke, ngokomgwebo kaThixo onobulungisa, sifanelwe sisohlwayo sangoku nesangonaphakade, akukho cebo na esinokuthi ngalo sisinde kweso sohlwayo, sibuye samkelwe ngobabalo?***
Impendulo: UThixo uyafuna ukuba kwenziwe; UThixo uyafuna ukuba kwenziwe okuyimfuneko ngokobulungisa bakhe [(a)]. Ngenxa yoko kunyanzelekile ukuba thina ngokwethu sikwenze ngokupheleleyo okuyimfuneko ngokobulungisa bakhe, okanye ke sikwenzelwe ngomnye [(b)].
Ubungqina:
[(a)] IGenesis 2:17; IEksodus 23:7; UHezekile 18:4; UMateyu 5:26; 2 kwabaseTesalonika 1:6; ULuka 16:2.
[(b)] KwabaseRoma 8:4.

13 **Umbuzo:** ***Kodwa ngaba sinako na thina ngokwethu ukukwenza okuyimfuneko ngokobulungisa bukaThixo?***
Impendulo: Asingekhe; kunjalonje sisalongeza ityala lethu imihla ngemihla.
Ubungqina:
UYobhi 9:12; 15:15-16; 4:18-19; INdumiso 130:3; UMateyu 6:12; 18:25; 16:26.

14 **Umbuzo:** ***Ngaba ke ngoko unokubhaqeka na osisidalwa nje onako ukusenzela okuyimfuneko ngokobulungisa bukaThixo?***
Impendulo: Akukho, kuba uThixo akayi kohlwaya nasiphi na sidalwa sisimbi ngenxa yesono asenzileyo umntu [(a)]; kwaye ngaphezu koko, akukho sidalwa sinako ukuyinyamezela ingqumbo engunaphakade kaThixo ngenxa yesono, sithi ngokwenenjalo sibakhulule abanye kuyo [(b)].

Ubungqina:
(a) UHezekile 18:4; IGenesis 3:17.
(b) UNahum 1:6; INdumiso 130:3.

15 Umbuzo: *Xa kunjalo ke, ngaba siswele mlamleli mni namsindisi mni?*

Impendulo: Siswele ongumntu wenene **(a)** nolilungisa **(b)**, ekwangonamandla ngaphezu kwezidalwa zonke. Oko kukuthi siswele okwanguThixo wenene **(c)**.
Ubungqina:
(a) 1 kwabaseKorinte 15:21.
(b) KumaHebhere 7:26.
(c) UIsaya 7:14; 9:5; UYeremiya 23:6; ULuka 11:22.

ICAWE 6

16 Umbuzo: *Kungani na ukuba umsindisi kufuneke abe ngumntu ngenene, ekwalilungisa?*

Impendulo: Ekubeni ingumntu kanye owonileyo, ubulungisa bukaThixo bufuna ukuba isono sihlawulelwe kwangumntu kanye **(a)**, ibe ke umntu ongumoni ngokwakhe akanakubahlawulele abanye abangaboni **(b)**.
Ubungqina:
(a) UHezekile 18:4,20; KwabaseRoma 5:18; 1 kwabaseKorinte 15:21; KumaHebhere 2:14-16.
(b) KumaHebhere 7:26-27; INdumiso; 1 kaPetros 3:18.

17 Umbuzo: *Kungabi na ukuba umsindisi kufuneke abe kwanguThixo ngenene?*

Impendulo: Kukuze athi, ngamandla obuThixo bakhe **(a)**, ayithwale esebumeni bobuntu **(b)** ingqumbo kaThixo **(c)**; nokuze asizuzele, asibuyisele ubulungisa kwanobomi **(d)**.
Ubungqina:
(a) UIsaya 9:5; 63:3.
(b) IDuteronomi 4:24; UNahum 1:6; INdumiso 130:3.
(c) UIsaya 53:4,11.
(d) UIsaya 53:5,11.

18 *Umbuzo: Ngubani ke lo Mlamleli uthi siqwini sinye abe nguThixo ngenene* **(a)** *abe kwangumntu ngenene* **(b)** *olilungisa* **(c)***?*

Impendulo: YiNkosi yethu uYesu Krestu **(d)**, owathi ngenxa yethu waba bubulumko obuvela kuThixo, nobulungisa kwanobungcwalisa nentlawulelo **(e)**.

Ubungqina:

(a) 1 kaYohane 5:20; KwabaseRoma 9:5;8:3; KwabaseGalati 4:4; UIsaya 9:6; UYeremiya 23:6; UMalaki 3:1.

(b) ULuka 1:42; 2:6-7; KwabaseRoma 1:3; 9:5; KwabaseFilipi 2:7; KumaHebhere 2:14,16-17; 4:14.

(c) UIsaya 53:9,11; UJeremiya 23:5; ULuka 1:35; UYohane 8:46; KumaHebhere 4:15; 7:26; 1 kaPetros 1:19; 2:22; 3:18.

(d) 1 kuTimoti 2:5; UMateyu 1:23; 1 kuTimoti 3:16; ULuka 2:11, KumaHebhere 2:9.

(e) 1 kwabaseKorinte 1:30.

19 **Umbuzo:** ***Ukwazi njani na oku?***
Impendulo: Ndiyakwazi oku ngevangeli engcwele awathi uThixo ngokwakhe wayityhila emyezweni **(a)**. Emveni koko wayivakalisa ngamanyange angcwele **(b)** nangabaprofeti abangcwele **(c)**, wayibonakalisa okwezithunzi ngamadini nangeenkqubo zonqulo zoMnqophiso oMdala **(d)**, waza ekugqibeleni wayizalisekisa ngoNyana wakhe ekukuphela kwamzeleyo **(e)**.

Ubungqina:

(a) IGenesis 3:15.

(b) IGenesis 22:18; 12:3; 49:10.

(c) UIsaya 53; 42:1-4; 43:25; 49:5-6,22-23; UYeremiya 23:5-6; 31:32-33; 32:39-41; UMika 7:18-20; IZenzo 10:43; 3:22-24; KwabaseRoma 1:2; KumaHebhere 1:1.

(d) KumaHebhere 10:1,7; KwabaseKolose 2:7; UYohane 5:46.

(e) KwabaseRoma 10:4; KwabaseGalati 4:4; 3:24; KwabaseKolose 2:1:7.

ICAWE 7

20 **Umbuzo:** ***Njengokuba ke kuye uAdam balahleka bonke abantu, baya kuthi ngokunjalo basindiswe bonke nguKrestu na?***
Impendulo: Hayi **(a)**, kosindiswa kuphela abo bamiliswe kuye ngokholo olululo, baza bazamkela iintsikelelo zakhe **(b)**.

Ubungqina:

(a) UMateyu 7:14; 22:14.

(b) UMarko 16:16; UYohane 1:12; 3:16,18,36; UIsaya 53:11; INdumiso 2:12; KwabaseRoma 22:20; 3:22; KumaHebhere 4:3; 5:9; 10:39; 11:6.

21 **Umbuzo:** ***Luyintoni na ukholo olululo?***
Impendulo: Ukholo olululo lulwazi oluqinisekileyo endithi ngalo ndikwamkele kuyinyaniso konke uThixo asityhilele kona elizwini lakhe **(a).** Ngaphezu koko lukwayinkoloseko ezinzileyo **(b)** athi uMoya oyiNgcwele **(c)**

ayidale entliziyweni yam ngazo iindaba ezilungileyo **(d)**. Yinkoloseko yokuba uxolelo lwezono, nobulungisa obungunaphakade, nosindiso lungaphiwanga abanye kuphela **(e)**, nobulungisa obungunaphakade, nosindiso, lungawphiwanga abanye kuphela, koko luphiwe kwanam. Ndiluphiwe ngesisa, ndibabalwa nguThixo, ngenxa yomsebenzi kaKrestu kuphela **(f)**.

Ubungqina:

(a) UYakobi 2:19.

(b) KumaHebhere 11:1,7; KwabaseRoma 4:18-21; 10:10; KwabaseEfese 3:12; KumaHebhere 4:16; UYakobi 1:6.

(c) KwabaseGalati 5:22; UMateyu 16:17; 2 kwabaseKorinte 4:13; UYohane 6:29; KwabaseEfese 2:8; KwabaseFilipi 1:19; IZenzo 16:14.

(d) KwabaseRoma 1:16; 10:17; 1 kwabaseKorinte 1:21; IZenzo 10:44; 16:14.

(e) KwabaseRoma 1:17; KwabaseGalati 3:11; KumaHebhere 10:10,38; KwabaseGalati 2:16.

(f) KwabaseEfese 2:8; KwabaseRoma 3:24; 5:19; ULuka 1:77-78.

22 Umbuzo: *Yintoni ke ekufuneka umKrestu akholelwe kuyo?*

Impendulo: Kuko konke esithenjiswe ngako ezindabeni ezilungi ezilungileyo, esikufuniswa sisishwankathelo sokholo olungathandabuzwayo lwamaKrestu ezizukulwana ngezizukulwana.

Ubungqina:

UYohane 20:31; UMateyu 28:19; UMarko 1:15.

23 Umbuzo: *Sithini na esi sishwankathelo?*

Impendulo: Sithi:

1 Ndiyakholwa kuThixo, uYise onamandla onke, uMdali wezulu namhlaba;
2 NakuYesu Krestu, okuphela koNyana wakhe, iNkosi yethu,
3 Owakhawulwa ngoMoya oyiNgcwele, wazalwa yintombi uMariya,
4 Weva iintlungu ngemihla kaPontiyo Pilato, wabethelelwa emnqamlezweni, wafa wangcwatywa, wehlela kwelabafileyo;
5 Wathi ngomhla wesithathu wavuka kwabafileyo,
6 Waza wenyukela ezulwini; uhleli ngasekunene kukaThixo uYise onamandla onke.
7 Apho aya kuvela khona aze kugweba abahleliyo nabafileyo.
8 Ndiyakholwa kuMoya oyiNgcwele;
9 Nakwibandla elingcwele lezizukulwana ngezizukulwana, ubudlelane babangcwele,
10 Kuxolelo lwezono,
11 Kukuvuka komzimba ekufeni,
12 Nakubo ubomi obungunaphakade.

24 **Umbuzo:** ***Sahlulwa hlobo luni na esi sishwankathelo?***
Impendulo: Sahlulwa ngezahlulo ezithathu. Esokuqala singoThixo uYise kwanokudalwa kwethu; esesibini singoThixo uNyana kwanokusindiswa kwethu; esesithathu singoThixo uMoya oyiNgcwele kwanokungcwaliswa kwethu.

25 **Umbuzo:** ***Ekubeni emnye nje uThixo, kungani ukuba uthethe ngoYise noNyana noMoya oyiNgcwele.***
Impendulo: Kungenxa yokuba uThixo uzityhile ngolo hlobo elizwini lakhe **(a)**, esibonisa ukuba ezi ziqu zithathu zahlukeneyo zinguThixo omnye, okukuphela koyinyaniso nongunaphakade **(b)**.
Ubungqina:
(a) IDuteronomi 6:4; KwabaseEfese 4:6; UIsaya 44:6; 45:5; 1 kwabaseKorinte 8:4,6.
(b) UIsaya 61:1; ULuka 4:18; IGenesis 1:2-3; INdumiso 33:6; UIsaya 48:16; UMateyu 3:16-17; 28:19; (1 kaYohane 5:7;) UIsaya 6:1,3; UYohane 14:26; 15:26; 2 kwabaseKorinte 13:13; KwabaseGalati 4:6; KwabaseEfese 2:18; KuTito 3:5-6.

ICAWE 9

26 **Umbuzo:** ***Uvuma ntoni xa uthi: Ndiyakholwa kuThixo, uYise onamandla onke, uMdali wezulu nomhlaba?***
Impendulo: Ndivuma okokuba uYise ongunaphakade kaYesu ukwangowam uThixo nawam uBawo ngenxa kaKrestu wakhe **(a)**. Nguye owathi, engadali nganto, wadala izulu nehlabathi nezinto zonke ezikuzo **(b)**, ikwanguye ozilondolozayo ezilawula ngecebo lakhe nolwazelelo lwakhe olungunaphakade **(c)**. Ndikholosa ngaye kangangokude ndingabi nakuthandabuza ukuba uya kundilungisela yonke into eyimfuneko emzimbeni nasemphefumlweni **(d)**. Ndiwaqinisekile ukuba uya kubuguqula nabuphi na ububi abuthumela kum kulo mfula weenyembezi, bube yinzuzo kum **(e)**. Unako ukwenza oko, kuba unguThixo onamandla onke **(f)**, okwalangazelela ukukwenza, enguBawo othembekileyo nje **(g)**.
Ubungqina:
(a) UYohane 1:12; KwabaseRoma 8:15; KwabaseGalati 4:4-7; KwabaseEfese 1:15.
(b) IGenesis 1-2; IEksodus 20:11; UYobhi 33:4,38-39; IZenzo 4:24; 14:15; INdumiso 33:6; UIsaya 45:7.
(c) KumaHebhere 1:3; INdumiso 104:27-30; 115:3; UMateyu 10:29; KwabaseEfese 1:11.
(d) INdumiso 55:22; UMateyu 6:25-26; ULuka 12:22.
(e) KwabaseRoma 8:28; UIsaya 46:4; KwabaseRoma 10:12.
(f) UMateyu 6:32-33; 7:9-11.

ICAWE 10

27 **Umbuzo:** ***Ke, ulwazelelo lukaThixo luthetha ntoni na?***
Impendulo: Luthetha amandla kaThixo angenasiphelo **(a)**. Ngawo la mandla usalilondoloza izulu nehlabathi nezidalwa, ngokungathi uzilondoloza ngesakhe isandla. Usazilawula **(b)** kangangokude igqabi kwanengca, imvula kwanembalela **(c)**, iminyaka yendyebo kwaneyendlala, ukudla kwanesiselo, impilo kwanesifo **(d)**, ubutyebi kwanobuhlwempu **(e)**, ewe, zonke izinto zingafumani zisihlele, koko zize kuthi zivela esandleni sikaThixo uBawo **(f)**.

Ubungqina:
(a) IZenzo 17:25-28; UYeremiya 23:23-24; UIsaya 29:15-16; UHezekile 8:12.
(b) KumaHebhere 1:3.
(c) UYeremiya 5:24; IZenzo 14:17.
(d) UYohane 9:3.
(e) ImiZekeliso 22:2.
(f) UMateyu 10:29; ImiZekeliso 16:33.

28 **Umbuzo:** ***Kuluncedo luni na kuthi ukwazi ukuba uThixo wazidala esazilondoloza ngolwazelelelo lwakhe zonke izinto?***
Impendulo:
Uncedo lolokuba sibe nokunyamezela ezingxakini **(a)**, sibe nombulelo ngempumelelo **(b)**; nolokuba sithi, kwizinto zonke ezinokusihlela ngexesha elizayo, sibe nenkoloseko eqinileyo ngoThixo uBawo wethu othembekileyo **(c)**. Kakade, zonke izidalwa zisesandleni sakhe, zingenako nakushukuma ngaphandle kwentando yakhe **(d)**.

Ubungqina:
(a) KwabaseRoma 5:3; uYakobi 1:3; INdumiso 39:9; UYobhi 1:21-22.
(b) 1 kwabaseTesalonika 5:18; IDuteronomi 8:10.
(c) INdumiso 55:22; KwabaseRoma 5:4
(d) KwabaseRoma 8:38-39.
(e) UYobhi 1:12; 2:6; ImiZekeliso 21:1; IZenzo 17:25.

ICAWE 11

29 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba uNyana kaThixo abizwe ngokuba nguYesu, oko kukuthi uMsindisi?***
Impendulo: Kungenxa yokuba usikhulula ezonweni zethu zonke esisindisa **(a)**. Kananjalo akukho wumbi sinokulufuna kuye usindiso silufumane **(b)**.

Ubungqina:
(a) UMateyu 1:21; KumaHebhere 7:25.
(b) IZenzo 4:12; UYohane 15:4-5; 1 kuTimoti 2:5; UIsaya 43:11; 1 kaYohane 5:11.

30 **Umbuzo:** ***Abo ke balufunayo usindiso nolonwabiso lwabo kwabangcwele, nokuba kukubo ngokwabo, nokuba kuphi na, ngaba bakwakholwa na kuYesu okuphela koMsindisi bona?***

Impendulo: Hayi, abakholwa kuye; ngokuba nangona beqhayisa ngaye ngamazwi, bayamkhanyela ngezenzo uYesu okuphela koMsindisi **(a)**. Inye kuphela into enokuba yinyaniso kwezi zimbini: uYesu akanguye uMsindisi ogqibeleleyo, okanye unguye. Kanti ke, ukuba unguye, abo bamamkelayo lo Msindisi ngokholo olululo, bafumana kuye yonke into eyimfuneko elusindisweni lwabo **(b).**

Ubungqina:

(a) 1 kwabaseKorinte 1:13,30-31; KwabaseGalati 5:4.

(b) KumaHebhere 12:2; UIsaya 9:6; KwabaseKolose 1:19-20; 2:10; 1 kaYohane.

ICAWE 12

31 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba kuthiwe unguKrestu, oko kukuthi uMthanj iswa?***

Impendulo: Kungokuba wamiselwa nguThixo uYise, wathanjiswa ngoMoya oyiNgcwele **(a)**, ukuba abenguMprofeti noMfundisi wethu omkhulu **(b)**. Usityhilele ngokuzeleyo icebo elifihlakeleyo likaThixo kwanentando yakhe ngokubhekisele kukusindiswa kwethu **(c)**. Ukwakukuphela koMbingeleli wethu omkhulu **(d)**, owathi ngokuzenza kwakhe idini kwaba kanye, wasihlawulela **(e)**, nosahlala esithethela kuYise **(f)**. Ewe, ukwanguKumkani wethu ongunaphakade osilawula ngeLizwi lakhe nangoMoya wakhe, esikhusela esigcina elusindisweni asizuzele lona **(g)**.

Ubungqina:

(a) INdumiso 45:7; KumaHebhere 1:9; UIsaya 61:1; ULuka 4:18.

(b) IDuteronomi 18:15; IZenzo 3:22; 7:37; UIsaya 55:4.

(c) UYohane 1:18; 15:15.

(d) INdumiso 110:4.

(e) KumaHebhere 10:12,14; 9:12,14,28.

(f) KwabaseRoma 8:34; KumaHebhere 9:24; 1 kaYohane 2:1; KwabaseRoma 5:9-10.

(g) INdumiso 2:6; UZekariya 9:9; UMateyu 21:5; ULuka 1:33; UMateyu 28:18; UYohane 10:28; IsiTyhilelo 12:10-11.

32 **Umbuzo:** ***Kungani na ke ukuba wena ubizwe ngokuthi ungumKrestu (a)?***

Impendulo: Kungokuba ngokholo ndililungu likaKrestu mna **(b).** Ngalo ukholo ndilidlelane naye ngokuthanjiswa kwakhe **(c),** ukuze ndibe nokulivuma igama lakhe **(d),** nizenze idini eliphilileyo lombulelo kuye **(e);**

nokuze ndithi, ngesazela esikhululekileyo nesilungileyo, ndisilwe isono kwanomtyholi kobu bomi **(f),** ndithini kobuzayo ndilawule kunye naye ngonaphakade phezu kwazo zonke izidalwa **(g).**

Ubungqina:

(a) IZenzo 11:26.
(b) 1 kwabaseKorinte 6:15.
(c) 1 kaYohane 2:27; IZenzo 2:17.
(d) UMateyu 10:32; KwabaseRoma 10:10.
(e) KwabaseRoma 12:1; 1kaPetros 2:5,9; IsiTyhilelo 1:6; 5:8,10.
(f) 1 kaPetros 2:11; KwabaseRoma 6: 12-13; KwabaseGalati 5:16-17; KwabaseEfese 6:11; 1 kuTimoti 1:18-19.
(g) 2 kuTimoti 2:12; UMateyu 25:34.

ICAWE 13

33 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba uKrestu abizwe ngokuthi ukokuphela koNyana kaThixo, kanti singabantwana bakaThixo nathi?***

Impendulo: Kungenxa yokuba nguKrestu yedwa onguNyana ongunaphakade kaThixo ngokwemvelo **(a)**, kanti thina singabantwana bakhe ngokwamkelwa ngobabalo ngenxa kaKrestu **(b)**.

Ubungqina:

(a) UYohane 1:14; KumaHebhere 1:1-2; UYohane 3: 16; 1; UYohane 4:9; KwabaseRoma 8:32.
(b) KwabaseRoma 8:16; UYohane 1:12; KwabaseGalati 4:6; KwabaseEfese 1:5-6.

34 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba simbize ngokuthi uyiNkosi yethu?***

Impendulo: Kungenxa yokuba wasihlangula ezonweni zethu zonke, ngokomphefumlo nangokomzimba, engasihlawulelanga ngagolide nangasilivere, kodwa ngegazi lakhe elixabisekileyo, waza ngokwenjenjalo wasikhulula kuwo onke amandla omtyholi, wasenza abakhe.

Ubungqina:

1 kaPetros 1:18-19; 2:9; 1 kwabaseKorinte 6.20; 1 kuTimoti 2:6; UYohane 20:28.

ICAWE 14

35 **Umbuzo:** ***Ithetha ntoni na le ndawo ithi wakhawulwa ngoMoya oyiNgcwele, wazalwa yintombi uMariya?***

Impendulo: Ithetha ukuthi uNyana ongunaphakade kaThixo, oya kuhlala ehleli ngonaphakade **(a)** enguThixo wenene **(b)**, wabuthabatha ubume benene bomntu ngenyama negazi lentombi uMariya **(c)** ngokusebenza koMoya

oyiNgcwele [d]. Wakwenza oko ukuze abe yimbewu yenene kaDavide, ngokufana nabazalwana bakhe ngezinto zonke, ngaphandle kwesono [e].

Ubungqina:

[a] 1 kaYohane 5:20; UYohane 1:1; 17:3; KwabaseRoma 1:3; KwabaseKolose 1:15.

[b] KwabaseRoma 9:5.

[c] KwabaseGalati 4:4; ULuka 1:31,42-43.

[d] UMateyu 1:20; ULuka 1:35.

[e] KwabaseRoma 1:3; INdumiso 132:11; 2 kaSamuweli 7:12; ULuka 1:32; IZenzo 2:30.

[f] KwabaseFilipi 2:7; KumaHebhere 2:14,17.

[g] KumaHebhere 4:15.

36 Umbuzo: *Kukunceda ntoni na ukukhawulwa nokuzalwa olungcwele kukaKrestu?*

Impendulo: Kundinceda ngokuba enguMlamleli wethu [a]. Ngobumsulwa nobungcwele bakhe obusulungekileyo uyasigquma isono sam phambi kobuso bukaThixo – isono endakhawulelwa ndazalelwa kuso [b].

Ubungqina:

[a] KumaHebhere 7:26-27.

[b] 1 kaPetros 1:18-19; 3-18; 1 kwabaseKorinte 1:30-31; KwabaseRoma 8:3-4; UIsaya 53:11; INdumiso 32:1.

ICAWE 15

37 Umbuzo: *Uqonda ntoni ngale ndawo ithi weva iintlungu?*

Impendulo: Ndiqonda ukuba yena, ngalo lonke ixesha lokudla kwakhe ubomi emhlabeni, ngokukodwa ngasekupheleni kobo bomi, wayithwala ingqumbo kaThixo ngenxa yesono soluntu lonke, eyithwele ngomzimba nangomphefumlo wakhe [a]. Wenjenje ukuze athi ngentlungu yakhe ekuphela kwedini lesicamagushelo [b], awusindise umzimba nomphefumlo wethu kwintshabalalo engunaphakade [c], nokuze asizuzele ubabalo lukaThixo kwanobulungisa kwanobomi obungunaphakade [d].

Ubungqina:

[a] UIsaya 53:4; 1 kaPetros 2:24; 3:18; 1 kuTimoti 2:6;

[b] UIsaya53:10; KwabaseEfese 5:2; 1 kwabaseKorinte 5:7; 1 kaYohane 2:2; KwabaseRoma 3:25; KumaHebhere 9:28; 10:14.

[c] KwabaseGalati 3:13; KwabaseKolose 1:13; KumaHebhere 9:12; 1 kaPetros 1:18-19,

[d] KwabaseRoma 3:25; 2 kwabaseKorinte 5:21; UYohane 3:16; 6:51; kumaHebhere 9:15; 10:19.

38 **Umbuzo:** ***Kwakutheni ukuba eve iintlungu agwetywe ngemihla kaPontiyo Pilato?***

Impendulo: Kukuze athi, ngokugwetywa kwakhe engenatyala ngumgwebi wasemhlabeni **(a)**, asikhulule thina kumgwebo owoyikekayo kaThixo, esazizisulu zawo **(b)**.

Ubungqina:

(a) UYohane 18:38; UMateyu 27:24; ULuka 23:14-15; UYohane 19:4.

(b) INdumiso 69:4; UIsaya 53:4-5; 2 kwabaseKorinte 5:21; KwabaseGalati 3:13.

39 **Umbuzo:** ***Ngaba ikhona na intsingiselo eyodwa ekubethelelweni kwakhe emnqamlezweni kunokuba wayefe ngandlela yimbi?***

Impendulo: Ewe, ikhona, kuba ngako ukubethelelwa kwakhe ndinengqinisekiso yokuba wasithabathela kuye isiqalekiso esasiphezu kwam **(a)**, kuba kwakuqalekiswe nguThixo ukufa kwasemnqamlezweni **(b)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseGalati 3:13.

(b) IDuteronomi 21:23.

ICAWE 16

40 **Umbuzo:** ***Yini na ukuba kufuneke uKrestu azithobe kude kube sekufeni?***

Impendulo: Ngenxa yobulungisa nenyaniso kaThixo **(a)** kwakungekho ndlela yimbi yokuba zihlawulelwe zethu, ngaphandle kokuba oko kwenziwe ngokufa koNyana kaThixo **(b)**.

Ubungqina:

(a) IGenesis 2:17.

(b) KwabaseRoma 8:3-4; KumaHebhere 2:14-15.

41 **Umbuzo:** ***Kwakungani na ukuba angcwatywe?***

Impendulo: Kukuqinisekisa ukuba wayefile ngenene.

Ubungqina:

IZenzo 13:29; UMateyu 27:59-60; ULuka 23:53; UYohane 19:38.

42 **Umbuzo:** ***Ukuba ke uKrestu wafela thina, kungani-na ukuba nathi sife?***

Impendulo: Okwethu ukufa asikokuhlawulela izono zethu **(a)**; kukuphela nje kwesono kum, kukwalisango lokungena ebomini obungunaphakade **(b)**.

Ubungqina:

(a) UMarko 8:37; INdumiso 49:7.

(b) KwabaseFilipi 1:23; UYohane 5:24; KwabaseRoma 7:24.

43 **Umbuzo:** ***Liliphi na elinye ilungelo esilizuza ngokuzinikela kukaKrestu emnqamlezweni nangokufa kwakhe?***

Impendulo: Leli lokuba ngamandla akhe umntu wemvelo wabethelelwa emnqamlezweni kunye naye, wafa, wangcwatywa **(a)**, ukuze singabuyi silawulwe ziinkanuko zenyama **(b)**, koko sizinikezele kuye silidini lombulelo **(c)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseRoma 6:6.

(b) KwabaseRoma 6:6,12.

(c) KwabaseRoma 12:1.

44 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba kongezwe ngelithi wehla kwe labafileyo?***

Impendulo: Kukuze nithi kwezona zilingo zam zikhulu, ndibe nokuqiniseka ndithuthuzelekile kwaphela ukuba iNkosi yam uYesu Krestu ¯yandihlangula kwimbandezelo neentuthumbo zesihogo **(a)**. Yakwenza oko ngokudandatheka kwayo okungenakubaliswa; nangeentlungu zayo, nokuxhalaba kwayo, nokukhathazeka kwayo kwasesihogweni, eyathi yakunyamezela ngalo lonke ixesha leentlungu zayo, ngakumbi emnqamlezweni **(b)**.

Ubungqina:

(a) UIsaya 53:5.

(b) INdumiso 18:4-5; 116:3; UMateyu 26:38; KumaHebhere 5:7.

ICAWE 17

45 **Umbuzo:** ***Lusinceda ntoni na uvuko lukaKrestu?***

Impendulo: Okokuqala: ngovuko lwakhe ukoyisile ukufa, ukuze sibe ngamadlelane obulungisa awasizuzela bona ngokufa kwakhe **(a)**.

Okwesibini: nathi ngamandla akhe sivuselwa kubomi obutsha **(b)**.

Okwesithathu: uvuko lukaKrestu lusisiqinisekiso esingathandabuzekiyo sovuko esiya kusikelelwa ngalo **(c)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseRoma 4:25; 1 kaPetros 1:3; 1 kwabaseKorinte 15:16:

(b) KwabaseRoma 6:4; KwabaseKo1ose 3:1,3; KwabaseEfese 2:5-6.

(c) 1 kwabaseKorinte 15:20-21.

ICAWE 18

46 **Umbuzo:** ***Uyiqonda njani na le ndawo ithi wenyukela ezulwini?***

Impendulo: Ngayo ndiqonda ukuba uKrestu wafukulwa emhlabeni, wasiwa ezulwini, abafundi bakhe bejongile **(a)**. Uya kuba lapho ngenxa yethu **(b)**, ade abuye aze kugweba abahleliyo nabafileyo **(c)**.

Ubungqina:
(a) IZenzo 1:9; UMarko 16:19; ULuka 24:51.
(b) KumaHebhere 9:24; 4:14; KwabaseRoma 8:34; KwabaseKolose 3:1.
(c) IZenzo 1:11; UMateyu 24:30.

47 **Imbuzo:** ***Akakho nathi na ke uKrestu kude kube sekupheleni kweli phakade, njengoko wasithembisayo*** **(a)*?***
Impendulo: UKrestu ungumntu ngenene ekwanguThixo ngenene. Ngokobume bakhe bobuntu akasekho emhlabeni **(b)**; kodwa ngokobuThixo bakhe, nobungangamsha bakhe, nobabalo lwakhe, noMoya wakhe, akasayi kukha ahlukane nathi **(c)**.
Ubungqina:
(a) UMateyu 28:20.
(b) KumaHebhere 8:4; UMateyu 26:11; UYohane 16:28; 17:11; IZenzo 3:21.
(c) UYohane 14:18; UMateyu 28:20.

48 **Umbuzo:** ***Ke, ukuba ubume bakhe bobuntu abukho kuzo zonke iindawo apho bukhoyo ubume bobuThixo, ngaba abahlukaniswa na abunye kobunye?***
Impendulo: Hayi, nakanye; kuba ekubeni ubuThixo bungenakuvalelwa, kodwa bukwiindawo zonke **(a)**, kucacise ukuba abubotshelelwanga kubume bakhe bobuntu, kodwa ke bukwakubo, bumanyiwe nabo **(b)**.
Ubungqina:
(a) UYeremiya 23:24; IZenzo 7:49.
(b) KwabaseKolose 2:9; UYohane 3:13; 11:15; UMateyu 28:6.

49 **Umbuzo:** ***Kuluncedo luni na kuthi unyuko lukaKrestu?***
Impendulo: Okokuqala, unguMthetheleli wethu kuYise ezulwini **(a)**. **Okwesibini,** ukubakho kobuntu obubobethu ezulwini kusisinyaniso kuthi sokokuba yena oyiNtloko yethu wosimanya naye thina esingamalungu akhe **(b)**. **Okwesithathu,** wasithumela uMoya wakhe osisinyaniso kuthi **(c)**, esithi ngamandla akhe sixunele izinto zaphezulu, apho akhona uKrestu, ehleli ngasekunene kukaThixo, singazixuneli ezasemhlabeni **(d)**.

Ubungqina:
a) 1 kaYohane 2:1; KwabaseRoma 8:34.
b) UYohane 14:2; 17:24; 20:17; KwabaseEfese 2:6.
c) UYohane 14:16; 16:7; IZenzo 2:32; 2 kwabaseKorinte 1:22; 5:5
d) KwabaseKolose 3:1.

50 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba kongezwe ngelithi uhleli ngasekunene kukaThixo?***

Impendulo: Kungenxa yokuba uKrestu wenyukela ezulwini ngenjongo yokuba abonakale apho eyiNtloko yebandla lakhe **(a)**, athi uYise azilawule ngaye zonke izinto **(b)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseEfese 1:20-23; KwabaseKolose 1:18.

(b) UMateyu 28:18; UYohane 5:22.

51 **Umbuzo:** ***Kuluncedo luni na kuthi olu zuko lukaKristu, iNtloko yethu?***

Impendulo: Okokuqala: ngaye uMoya wakhe oyiNgcwele uthululela thina, malungu akhe, iintsikelelo zasezulwini **(a)**. **Okwesibini:** ngamandla akhe uyasikhusela esigcina kuzo zonke iintshaba zethu **(b)**.

Ubungqina:

(a) IZenzo 2:33; KwabaseEfese 4:8.

(b) INdumiso 2:9; 110:1-2; UYohane: 10:28; KwabaseEfese 4:8.

52 **Umbuzo:** ***Ikunika themba lini na indawo ethi uKrestu wobuya aze kugweba abahleliyo nabafileyo?***

Impendulo: Nali: kuzo zonke iintsizi neentshutshiso ndinokuthi ndomelezekile ndimlindele uKrestu, uMgwebi wasezulwini. Nguye owathi kwangaphambili wazinikela kumgwebo kaThixo ngenxa yam, wasisusa kum sonke isiqalekiso **(a)**: ikwanguye oya kuthi aziphose entshabalalweni engunaphakade ezakhe nezam iintshaba **(b)**, athi kodwa mna andithabathele kuye elonwabeni nasebuqaqawulini bezulu, ndikunye nabo bonke abanyulwa bakhe **(c)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseFilipi 3:20; ULuka 21:28; KuTito 2:13; 1 kwabaseTesalonika 4:16.

(b) UMateyu 25:41; 2 kwabaseTesalonika 1:6.

(c) UMateyu 25:34; 2 kwabaseTesalonika 1:7.

ICAWE 20

53 **Umbuzo:** ***Uvuma ntoni ngoMoya oyiNgcwele?***

Impendulo: Okokuqala: unguThixo wenene nongunaphakade kunye noYise noNyana **(a)**. **Okwesibini:** unikwe kwanam **(b)**, ukuze athi, ngokholo olululo, andenze ndibe nenxaxheba kuKrestu nakwiintsikelelo zakhe **(c)**, nokuze andomeleze **(d)**, ahlale kum ngonaphakade **(e)**.

Ubungqina:

(a) 1 kaYohane 5:7; IGenesis 1:2; UIsaya 48:16; 1 kwabaseKorinte 3:16; 6:19; IZenzo 5:3-4.

(b) KwabaseGalati 4:6; UMateyu 28:19-20; 2 kwabaseKorinte 1:22; KwabaseEfese 1:13.
(c) KwabaseGalati 3:14; 1 kaPetros l:2; 1 kwabaseKorinte 6:1;17.
(d) UYohane 15:26; IZenzo 9:31.
(e) UYohane 14:16; 1 kaPetros 4:14.

ICAWE 21

54 Umbuzo: *Uvuma ntoni ngelithi: Ndiyakholwa kwibandla elingcwele lezizukulwana ngezizukulwana?*

Impendulo: Yile yokuba uNyana kaThixo **(a)** waziqokelela, azikhusele, azigcinele **(b)**, ibandla elinyulelwe ubomi obungunaphakade **(c)**, liphuma kulungu lonke **(d)**. Oku ukwenza ngoMoya wakhe nangeLizwi lakhe **(e)**, elinika ukholo olunye lwenene eli bandla **(f)**. Oku wakuqala ekuqalekeni kwehlabathi, waye usasingisa ekupheleni kwalo **(g)**. Ndikwakholwa okokuba nam ndililungu eliphilileyo leli bandla **(h)**, ndaye ndisaya kuhlala ndililo ngonaphakade **(i)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseEfese 5:26; UYohane 10:11; IZenzo 20:28; KwabaseEfese 4:11-13.
(b) UMateyu 16:18; UYohane 10:28-30; INdumiso 129:1-5.
(c) KwabaseRoma 8:29; KwabaseEfese 1:10-13.
(d) IGenesis 26:4; IsiTyhilelo 5:9.
(e) UIsaya 59:21; KwabaseRoma 1:16; 10:14-17; KwabaseEfese 5:26.
(f) IZenzo 2:42; KwabaseEfese 4:3-5.
(g) INdumiso 71:17-18; UIsaya 59:21; 1 kwabaseKorinte 11:26.
(h) 1 kaYohane 3:14,19-21; 2 kwabaseKorinte 13:5; KwabaseRoma 8:10.
(i) INdumiso, 23:6; 1 kwabaseKorinte 1:8-9; UYohane 10:29; 1 kaYohane 2:19; 1 kaPetros 1:5.

55 Umbuzo: *Uqonda ntoni na ngabo ubudlelane babangcwele?*

Impendulo: Okokuqala: ndiqonda ukuba amakholwa onke edibene, kwanekholwa ngalinye, anenxaxheba efanayo kuye uKrestu, nakubutyebi bakhe, nakwizipho zakhe **(a)**. **Okwesibini:** ndiqonda ukuba umntu ngamnye makazi okokuba unemfanelo yokuzisebenzisa iziphiwo zakhe ngenkululeko nangochwayito, ezisebenzisela ukulungiselela nokusindisa amanye amalungu **(b)**.

Ubungqina:

(a) 1 kaYohane 1:3; KwabaseRoma 8:32; 1 kwabaseKorinte 12:12-13; 1 kwabaseKorinte 6:17.
(b) 1 kwabaseKorinte 12:21; 13:1,5; KwabaseFilipi 2:4-8.

56 **Umbuzo:** ***Uvuma ntoni ngelighi: Ndiyakholwa kuxolelo lwezono?***
Impendulo: Yile yokuba uThixo, ngenxa yokwaneliswa kwakhe nguKrestu, akasayi kuba sazikhumbula izono zam kwanemvelo yam eyonakeleyo, ekufuneka ndizamane nayo ubomi bam bonke **(a)**. Hayi, ngobabalo ufuna ukundinika ubulungisa bukaKrestu **(b)**, ukuze ndingaze ndibe nakugwetywa nguThixo **(c)**.

Ubungqina:

(a) 1 kaYohane 2:2; 1:7; 2 kwabaseKorinte 5:19.

(b) KwabaseRoma 7:23-25; UYeremiya 31:34; UMika 7:19; INdumiso 103:3,10,12.

(c) UYohane 3:18; 5:24.

ICAWE 22

57 **Umbuzo:** ***Unathemba lini na ngenxa yako ukuvuka komzimba ekufeni?***
Impendulo: Leli lokuba ingomphefumlo wam kodwa oya kuthi, emva kobu bomi, uthatyathelwe kwangoko kuKrestu uyintloko yawo **(a),** koko lo mzimva wam wokusindiswa ngamandla kaKristu, uya kubuya amanywe nomphefumlo wam, wenziwe ufane nomzimva ozukileyo kaKristu **(b).**

Ubungqina:

(a) ULuka 16:22; 23:43; KwabaseFilipi 1:21,23.

(b) UYobhi 19:25-26; 1 kaYohane 3:2.

58 **Umbuzo:** ***Unathemba lini na ngendawo ethi: Ndiyakholwa kubomi obungunaphakade?***
Impendulo: Nali: njengokuba sendisiva nangoku entliziyweni yam isiqalo solonwabo olungunaphakade **(a)**, ndiya kuthi emva kobu bomi ndizuze usindiso olufezekileyo. Olo kelusindiso olungabonwanga liso, lungaviwanga ndlebe, lungathanga qatha ntliziyweni yamntu; endiya kuthi ngalo ndimzukise ngonaphakade uThixo **(b)**.

Ubungqina:

(a) 2 kwabaseKorinte 5:2-3.

(b) 1 kwabaseKorinte 2:9.

ICAWE 23

59 **Umbuzo:** ***Kukunceda ntoni na ukukholwa kuko konke oku kuvunywa libandla likaKrestu?***
Yile yokuba ndilungile kuThixo ndimanywe noKrestu nje, ndikwanenxaxheba kubomi obungunaphakade.

Ubungqina:

UHabhakuki 2:4; KwabaseRoma 1:17; UYohane 3:36.

60 **Umbuzo:** ***Yintoni na ekwenza ube lilungisa kuThixo?***
Impendulo: Lukholo lwenene lodwa kuYesu Krestu [a]. Oko kukuthi: siyandimangalela isazela sam ngokuyaphula kwam yonke imithetho kaThixo, ndingagcinanga namnye kuyo [b], ewe, ndingxamele nangoku ukwenza yonke inkohlakalo; ezilungileyo zingabi nako ukuba zibe [c] kodwa, nangona kunjalo, uThixo uyandinika andibalele [d] konke ukwaneliswa kwakhe nguKrestu [e], kunye nobulungisa kwanobungcwele bakhe [f] Undinika oko ndingakufanelanga [g] ngenxa yobabalo lodwa [h]. Ewe, konke oku kwenzeka njengokungathi ndandingenasono nanini na; ewe, njengokungathi ndakufeza mna ngokwam awathi uKrestu ndakufeza konke ngenxa yam [i]. Kanti ke ndinokukuzuza konke oku kuphela ngokukwamkela ngentliziyo ekholiweyo [j].

Ubungqina:

[a] KwabaseRoma 3:21-22,24; 5:1-2; KwabaseGalati 2:16; KwabaseEfese 2:8-9; KwabaseFilipi 3:9.
[b] KwabaseRoma 3:9.
[c] KwabaseRoma 7:23.
[d] KwabaseRoma 4:4; 2 kwabaseKorinte 5:19.
[e] 1 kaYohane 2:2.
[f] 1 kaYohane 2:1.
[g] KuTito 3:5; IDuteronomi 9:6; UHezekile 36:22.
[h] KwabaseRoma 3:24; KwabaseEfese 2:8.
[i] 2 kwabaseKorinte 5: 21;
[j] KwabaseRoma 3:22; UYohane 3:18.

61 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba uthi ulilungisa ngokholo?***
Impendulo: Anditsho ngenxa yokuba ndiziva ndamkelekile kuThixo ngenxa yokuxabiseka kokholo lwam. Hayi, nditsho kuba ukwaneliswa kukaThixo nguKrestu, nobulungisa bukaKrestu, nobungcwele bakhe, bubobam ubulungisa kuThixo [a]. Andinako ukubamkela, ndibenze bube bobam, ngaphandle kokuba ndibamkele ngokholo [b].

Ubungqina:

[a] 1 kwabaseKorinte 1:30; 2:2. | [b] 1 kaYohane 5:10.

ICAWE 24

62 **Umbuzo:** ***Ke, kungani na ukuba izenzo zethu ezilungileyo?***
Impendulo: Kungokuba ubulungisa obunokumanelisa uThixo kufuneka bube bobungqibeleleyo, buwufezile umthetho kaThixo ngeendawo zonke [a]. Kanti neyona misebenzi yethu mihle kobu bomi ayigqibelelanga yonke, ingcolisiwe sisono [b].

Ubungqina:

[a] KwabaseGalati 3:10; IDuteronomi 27:26. | [b] UIsaya 64:6.

63 **Umbuzo:** ***Ukuba kunjalo ke, ngaba izenzo zethu ezilungileyo azisisebenzeli nto na, ekubeni uThixo efuna ukusivuza ngazo kobu bomi nakobuzayo?***
Impendulo: Hayi, kuba lo mvuzo siwunikwa ngokubabalwa, kungengakuzisebenzela.
Ubungqina:
ULuka 17:10.

64 **Umbuzo:** ***Ngaba le mfundiso ayibenzi abantu bangakhathali, bangahloneli Thixo na?***
Impendulo: Nakanye, kuba akunakwenzeka ukuba abo bamiliselwe kuKrestu ngokholo olululo bangavelisi ziqhamo zombulelo.
Ubungqina:
UMateyu 7:18; UYohane 15:5.

ICAWE 25

65 **Umbuzo:** ***Ekubeni ilukholo lodwa olunokusenza sibe nenxaxheba kuKrestu neentsikelelo zakhe, ngaba luvela phi na ukholo olu?***
Impendulo: Luvela kuMoya oyiNgcwele **(a)** odala lona ezintliziyweni zethu ngokushunyayelwa kweendaba ezilungileyo ezingcwele, aze alomeleze ngeesakramente ezingcwele **(b)**.
Ubungqina:
(a) KwabaseEfese 2:8; 6:23; UYohane 3:5; KwabaseFilipi 1:29.
(b) UMateyu 28:19; 1 kaPetros 1:22-23.

66 **Umbuzo:** ***Ziintoni na iisakramente?***
Impendulo: Iisakramente yimiqondiso neziqinisekiso ezamiselwa nguThixo. Wazimisela ukuze athi, ngokusetyenziswa kwazo, asiqondise ngakumbi ngezithembiso zeendaba ezilungileyo. Isithembiso eso nasi: ngenxa yedini likaKrestu elikukuphela kwalo awalenza emnqamlezweni, uThixo ngobabalo lwakhe usinika uxolelo lwezono kwanobomi obungunaphakade.
Ubungqina:
IGenesis 17:11; KwabaseRoma 4:11; IDuteronomi 30:6; ILevitikus 6:25; KumaHebhere 9:7-9,24; UHezekile 20:12; UIsaya 6:6-7; 54:9.

67 **Umbuzo:** ***Ngaba ezi zinto zombini, iLizwi kwaneesakramente, zimiselwe ngenjongo yokusalathisa kwidini likaYesu Krestu emnqamlezweni, ukuze sikholwe ukuba usindiso lwethu lusekeke kuye kuphela?***
Impendulo: Ewe, ngokuqinisekileyo; kuba uMoya oyiNgcwele usifundisa ngazo iindaba ezilungileyo, asiqinisekise ngeesakramente, okokuba usindiso

lwethu lonke luphela luxhomekeke kwelaa dini linye likaKrestu awasenzela lona emnqamlezweni.

Ubungqina:
KwabaseRoma 6:3; KwabaseGalati 3:27.

68 **Umbuzo:** ***Zingaphina iisakramente athe uKrestu wasimisela zona kumnqophiso omtsha okanye kwiTestamente Entsha?***

Impendulo: Zimbini: lubhaptizo olungcwele nomthendeleko ongcwele.

ICAWE 26

69 **Umbuzo:** ***Uqondisiswa uqinisekiswe njani na elubhaptizweni olungcwele ukuba isini likaKristu emnqamlezweni elikukuphela kwalo liluncedo kuwe?***

Impendulo: Ngale ndlela: uKrestu wamisela oku kuhlanjwa ngamanzi **(a)**, wahlomela isithembiso **(b)** sokuthi njengokuba kususwa intsila yomzimba xa kuhlwanjwa ngamanzi ngendlela eqhelekileyo, kwangokunjalo ndihlanjiwe ngegazi lakhe nangoMoya wakhe kuko konke ukungcola komphefumlo wam, oko kukuthi kwizono zam **(c)**.

Ubungqina:
(a) UMateyu 28:19.
(b) UMateyu 28:19; UMarko 16:16; IZenzo 2:38; UYohane 1:33; UMateyu 3:11; KwabaseRoma 6:3-4.
(c) 1 kaPetros 3:21; UMarko 1:4; ULuka 3:3.

70 **Umbuzo:** ***Kuthetha ntoni ukuhlanjwa ngegazi likaKrestu nangoMoya wakhe?***

Impendulo: Kuthetha ukuxolelwa izono nguThixo ngobabalo lwakhe ngenxa yegazi likaKrestu awaliphalazela thina emnqamlezweni **(a)**. Kukwathetha ukuhlaziywa nokungcwaliswa kwethu nguMoya oyiNgcwele, ukuze sibe ngamalungu kaKrestu, sithi ngolu hlobo siye sisahlukana ngokwahlukana nesono, sidle ubomi obungcwele nobungenakusoleka **(b)**.

Ubungqina:
(a) KumaHebhere 12:24; 1 kaPetros 1:2; IsiTyhilelo 1:5; UZekariya 13:1; UHezekile 36:25.
(b) UYohane 1:33; 3:5; 1 kwabaseKorinte 6:11; 12:13; KwabaseRoma 6:4; KwabaseKolose 2:12.

71 **Umbuzo:** ***Usithembise phi na uKrestu ukuba sihlanjwe ngokuqinisekileyo ngegazi: lakhe nangoMoya wakhe, kwanjengokuba, sahlanjwa ngamanzi obhaptizo?***

Impendulo: Wasithembisa oko ekumiseleni kwakhe ubhaptizo esithi: **“**Hambani ngoko niye kuzenza abafundi zonke iintlanga, nibabhaptizela egameni loYise neloNyana neloMoya oyiNgcwele” (UMateyu 28:19).

Lowo ukholiweyo wabhaptizwa, wosindiswa, ke yena ongakholwanga, wogwetywa (UMarko 16:16). Esi sithembiso siyaphindwa zizibhalo zisithi ubhaptizo yintlambululo yokuzalwa ngokutsha, nokuhlanjululwa kwezono.

Ubungqina:

KuTito 3:5: IZenzo 22:16.

72 Umbuzo: *Ngaba oko kuhlanjwa ngamanzi elubhaptizweni kukuko ukuhlanjululwa kwezono kanye na?*

Impendulo: Nakanye, kuba kungegazi likaYesu Krestu kwanongoMoya oyiNgcwele kuphela esihlanjululwa ezonweni zethu zonke.

Ubungqina:

UMateyu 3:11; 1 kaPetros 3:21; KwabaseEfese 5:26; 1 kaYohane 1:7; 1 kwabaseKorinte 6:11.

73 Umbuzo: *Kungani na ngoko ukuba uMoya oyiNgcwele alibize ubhaptizo ngokuthi yintlawulelo yokuzalwa ngokutsha kwanokuhlanjululwa kwezono?*

Impendulo: Akafumani atsho uThixo. Kaloku utsho ukuze asifundise ukuba izono zethu ziyasuswa ligazi nanguMoya kaYesu Krestu, kwanjengokuba isuswa ngamanzi intsila yomzimba **(a)**. Ngaphezu koko uThixo ufuna ukusiqinisekisa ngalo mqondiso wakhe okwasisinyaniso ukuba sesihlanjululwe ngokwezomoya ezonweni zethu, kwanjengokuba sihlanjwa ngamanzi ngokomphandle **(b)**.

Ubungqina:

(a) IsiTyhilelo 1:5; 7:14; 1 kwabaseKorinte 6:11.

(b) UMarko 16:16; KwabaseGalati 3:27.

74 Umbuzo: Ngaba nabantwana abancinci bafanele ukubhaptizwa na?

Impendulo: Ewe. Nabo baqulathwe emnqophisweni kaThixo nasebandleni lakhe kwanjengabantu abadala **(a)**. Nabo bathenjiswe, kwanjengabantu abadala, ngoxolelo lwezono ngegazi likaKrestu **(b)**, bekwathenjiswe ngoMoya odala ukholo **(c)**. Ngenxa yoko bafanele ukuthi nabo bangeniswe ebandleni lobuKrestu ngobhaptizo olungumqondiso womnqophiso, babonakale bahlukile kubantwana babangakholwayo **(d)**. Kumnqophiso omdala oku kwakusenziwa ngolwaluko **(e)**, kwaza kumnqophiso omtsha kwamiselwa ubhaptizo endaweni yalo **(f)**.

Ubungqina:

(a) IGenesis 17:7.

(b) UMateyu 19:14.

(c) ULuka 1:15; INdumiso 22:10; UIsaya 44:1-3; IZenzo 2:39.

(d) IZenzo 10:47.

(e) IGenesis 17:14.

(f) KwabaseKo1ose 2:11-13.

75 Umbuzo: ***Uqondiswa uqinisekiswe njani na emthendelelweni ongcwele ukuba unenxaxheba kwelaa dini linye likaKrestu emnqamlezweni, nakuzo zonke iintsikelelo zakhe?***

Impendulo: Ngale ndlela: UKrestu wandiyalela mna nawo onke amakholwa ukuba sidle esi sonka siqhekeziweyo sisele indlebe, ngenjongo yokumkhumbula. Waza wongeza ezi zithembiso: **Okokuqala,** umzimba wakhe wanikelwa waphulelwa mna emnqamlezweni, laphalazelwa kwamna igazi lakhe ngokuqinisekileyo, wanjengokuba ndibona ngamehlo am ukuba isonka seNkosi siqhekezelwa mna, indebe ikwanikwa mna. **Okwesibini,** uyawondla ewudlisa umphefumlo wam kuse ebomini obungunaphakade kwayena uKrestu lowo, ngomzimba wakhe owabethelelwayo nangegazi lakhe elaphalazwayo; oko ukwenza ngokuqinisekileyo, kwanjengokuba ndizamkela esandleni solungiseleli, ndizingcamle ngomlomo isonka kwanendebe yeNkosi; eziyimiqondiso eqinisekileyo yomzimba negazi likaKrestu.

Ubungqina:

(a) UMateyu 26:26-28; UMarko 14:22-24; ULuka 22:19-20; 1 kwabaseKorinte 10:16-17;11:23-25; 12:13.

76 Umbuzo: ***Sithetha ntoni na xa sithi siyawudla umzimba owabethelelwayo kaKrestu, silisele igazi lakhe elaphalazwayo?***

Impendulo: Sithetha ukuthi ngentliziyo ekholiweyo sikholose ngazo zonke iintlungu zikaKrestu kwanangokufa kwakhe, size ngokwenjenje sizixolelwe izono sibe nobomi obungunaphakade **(a)**. Kanti, ngapha okoko, sithetha ukuthi, ngaye uMoya oyiNgcwele, ohleli kuKrestu kwanakuthi siya simanyanwa nokumanyanwa nomzimba wakhe oyingcwele **(b)**. Kuba, nangoku esezulwini uKrestu **(c)**, sisemhlabeni ke thina, noko singabenyama yakhe, singabamathambo akhe **(d)**, siphila silawulwa nguMoya omnye, kwanjengokuba elawulwa ngumphefumlo omnye amalungu omzimba umnye **(e)**.

Ubungqina:

a) UYohane 6:35,40,47-48,50-51,53-54.

b) UYohane 6:55-56.

c) KwabaseKolose 3:1; IZenzo 3:21; 1 kwabaseKorinte 11:26.

d) KwabaseEfese 5:29-30; 3:16; 1 kwabaseKorinte 6:15; 1 kaYohane 3:24; 4:13.

(e) UYohane 6:57; 15:1-6; KwabaseEfese 4:15-16.

77 Umbuzo: ***Uthembise phi na uKrestu ukuba ngokuqinisekileyo ufuna ukuwondla nokuwaxhasa ngomzimba wakhe nangegazi lakhe amakholwa, kwanjengokuba wona esitya isonka esi siqhekeziweyo, eyisela indebe leyo?***

Impendulo: Wakuthembisa oko ekumiselweni komthendeleko okufundeka ngolu hlobo: **"**INkosi uYesu, ngobusuku eyanikelwa ngabo, yathabatha

isonka; yaza, yakuba ibulele, yasiqhekeza yathi: **“**Thabathani, nidle, ngumzimba wam lo, owaphulelwa nina; oku kwenzeleni ukundikhumbula. Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe, emva kokuba kudliwe, isithi: **“**|Le ndebe ingumnqophiso omtsha osegazini lam; ngamaxesha onke enisukuba niyisela, oku kwenzeleni ukundikhumbula. Kuba ngamaxesha onke enisukuba nisidla eso sonka, niyisele loo ndebe, niyakwazisa ukufa kweNkosi, ide ifike”” (1 kwabaseKorinte 11:23-26).
Esi sithembiso siyaphindwa nguPawulos ongcwele apho athi: Indebe yentsikelelo le siyisikelelayo, asibubudlelane na begazi likaKrestu? Isonka esi sisiqhekezayo, asibubudlelane na bomzimba kaKrestu? Ngokuba thina, sibaninzi nje, sisonka sinye, simzimba mnye, kuba sonke sabelana ngeso sonka sinye (1 kwabaseKorinte: 10:16-17).
Ubungqina:
UMateyu 26:26-28; UMarko 14:22-24; ULuka 22:19-20.

ICAWE 29

78 **Umbuzo:** ***Isonka newayini ngaba ziyaguquka na zona, zibe ngumzimba kanye kaKrestu kwanegazi lakhe kanye*** **(a)*?***
Impendulo: Nakanye; kuba namanzi obhaptizo akaguquki abe ligazi likaKrestu, engazihlambululi wona ngokwawo izono, kodwa angumqondiso nesiqinisiso nje sokuhlambulula oko **(b)**. Kwangokunjalo nesonka somthendeleko asiguquki sibe ngumzimba kaKrestu **(c)**, naxa sisibizayo ngokuthi singumzimba wakhe ngokwezeesakramente **(d)**.
Ubungqina:
(a) UMateyu 26:29.
(b) KwabaseEfese 5:26; KuTito 3:5.
(c) 1 kwabaseKorinte 10:16; 11:26.
(d) IGenesis 17:10-11; IEksodus: 12:11,13; 13:9; 1 kaPetros 3:21; 1 kwabaseKorinte 10: 3-4.

79 **Umbuzo:** ***Kungani na ke ukuba uKrestu asibize isonka ngokuthi ngumzimba wakhe,, indebe eyibiza ngokuthi ligazi lakhe, okanye ngumnqophiso omtsha osegazini lakhe? Kwakhona: kungani ukuba uPawulos athetha ngobudlelane bomzimba negazi likaKrestu?***
Impendulo: UKrestu akafumani atsho. Utsho efuna ukusifundisa ukuba, njengokuba isonka newayini zixhasa obu bomi basemhlabeni, kwangokunjalo nomzimba wakhe owabethelelwayo, negazi lakhe elaphalalayo, zikukutya zikwasisiselo sokuyondlela ebomini obungunaphakade imiphefumlo yethu **(a)**. Ngaphezu koko ke, utsho efuna ukuthi, ngale miqondiso nezi zinyaniso ezibonakalayo, asiqinisekise ukuba sinenxaxheba kumzimba nakwigazi lakhe lenene, ngako ukusebenza koMoya oyiNgcwele. Oku kwenzeka

ngokuqinisekileyo, kwanjengokuba siyamkela ngemilomo yethu le miqondiso ingcwele, simkhumbula uKrestu. Ewe, kuba uKrestu weva iintlungu ethobekile, kwaza oku kwaba kokwethu kangangokuba kwaba ngathi sithi kanye esaziva ziqwini.zethu iintlungu,ezo, sazihlawulela kuThixo izono zethu [b].

Ubungqina:

[a] UYohane 6:55. | [b] 1 kwabaseKorinte 10:16.

ICAWE 30

80 Umbuzo: *Nguwuphi na umahluko phakathi komthendeleko weNkosi nowamaRoma?*

Impendulo: Umthendeleko weNkosi usingqinela ukuba sinalo ngokupheleleyo uxolelo lwezono zethu zonke, ngalo idini likaYesu Krestu awalenza kwakanye emnqamlezweni [a]. Ukwasingqinela ukuba, ngaye uMoya oyiNgcwele, simanywe noKrestu [b], ongasekhoyo apha ehlabathini ngokobume bakhe bobuntu, kodwa ohleli ezulwini, ngasekunene kukaThixo uYise [c], enqwenela ukuba simnqule elapho [d]. Kanti umthendeleko wamaRoma ufundisa ukuba abahleliyo nabafileyo abazixolelwanga izono zabo ngenxa yeentlungu zikaKrestu, ngaphandle kokuba uKrestu abuye enziwe idini ngabapriste imihla ngemihla. Ukwafundisa ukuba uKrestu ukho ngokomzimba, wakhe kuso isonka nakuyo iwayini, kukwayimfuneko yokuba anqulwe ekwezo zinto. Kungoko lo mthendeleko wamaRoma ungento yimbi ngaphandle kokukhanyela idini eligqibeleleyo likaKrestu, ukwayinkonzo eqalekisiweyo yezithixo [e].

Ubungqina:

[a] KumaHebhere 10:10,12; 7:26-27; 9:12,25; UYohane 19:30; UMateyu 26:28; ULuka 22:19.

[b] 1 kwabaseKorinte 10:16-17; 6:17.

[c] UYohane 20:17; KwabaseKolose 3:1; KumaHebhere 1:3; 8:1.

[d] UMateyu 6:20-21; UYohane 4:2; ULuka 24:52; IZenzo 7:55; KwabaseKolose 3:1; KwabaseFilipi 3:20; 1 kwabaseTesalonika 1:10.

[e] KumaHebhere 9:26; 10:12,14.

81 Umbuzo: *Umthendeleko weNkosi wamiselwa bani na?*

Impendulo: Umthendeleko weNkosi wamiselwa abo bathi bazisole ngenxa yezono zabo, bethemba ukuba bazixolelwe ngenxa kaKrestu, bekwathemba ukuba ubuthathaka obusashiyekileyo kubo bugutyungelwe ngenxa yeentlungu kwanokufa kwakhe. Oku kukuthi wamiselwa abo banqwenela ukuba ukholo lwabo luye lusomelezwa ngokomelezwa, intlalo yabo iye iguquka ngokuguquka. Kodwa abahanahanisi nabo bangazinikeliyo kuThixo ngentliziyo epheleleyo, bayazidlela beziselela umgwebo.

Ubungqina:

1 kwabaseKorinte 11:28; 10:19-22.

82 **Umbuzo:** ***Ngaba banokuvunyelwa na kulo mthendeleko abo bathi, ngentetho nangentlalo yabo, bazibonakalise bengakholwa bengamhloneli uThixo?***

Impendulo: Hayi, hleze kunyeliswe umnqophiso kaThixo, kuhliswe ingqumbo yakhe phezu kwebandla liphela. Kungoko ibandla lobuKrestu limelwe kukuthi, ngokomyalelo kaKrestu nabapostile, libavalele ngaphandle ngezitshixo zobukumkani bezulu abantu abanjalo, bade babonise intlalo elungileyo.

Ubungqina:

1 kwabaseKorinte 11:20,34;UYeremiya 7:21; INdumiso 50:16.

83 **Umbuzo:** ***Izitshixo zobukumkani bezulu ziyintoni na?***

Impendulo: Kukushunyayelwa kweendaba ezilungileyo ezingcwele kwanengqeqesho yebandla lobuKrestu. Ngezi ndlela zimbini ubukumkani bezulu buvulelwa abakholwayo, buvalelwe abangakholwayo.

84 **Umbuzo:** ***Ubukumkani bezulu buvulwa buvalwe njani na nokushunyayelwa kweendaba ezilungileyo ezingcwele?***

Impendulo: Ngale ndlela: ubukumkani bezulu buyavulwa xa kuthiwa, ngokomyalelo kaKrestu, kuvakaliselwe kungqinelwe abakholwayo bonke ukuba zixolelwe ngokwenene izono zabo zonke ngenxa yomsebenzi kaKrestu, xa sukuba bezamkela ngokholo olululo izithembiso zeendaba ezilungileyo. Kwelinye icala ke, ubukumkani bezulu buyavalwa xa kuvakaliswa kungqinelwe abangakholwayo bonke nabangaququkiyo ngokwenene, ukuba basesichengeni sengqumbo kaThixo nasentshabalalweni engunaphakade, bade baguquke. Ngokobu bungqina beendaba ezilungileyo uThixo uya kugweba kobu bomi nakobo buzayo.

Ubungqina:

UYohane 20:21-23; UMateyu 16:19.

85 **Umbuzo:** ***Ubukumkani bezulu buvulwe njani na ngengqeqesho yobuKrestu?***

Impendulo: Ngale ndlela: uKrestu wayaleza ukuba abo bazibiza ngegama lobuKrestu, bebonisa kodwa imfundiso nentlalo engeyobuKrestu, mabayalwe ngamathuba athile. Ukuba ngaba abahlukani nezilahlekiso zabo kwanentlalo yabo ekrokrelekayo, kufuneka bamangalelwe ebandleni, okanye kwabo bamele ibandla. Ukuba ngaba abasikhathaleli isiyalo eso, baya kwalelwa iisakramente; baze ngokwenjenjalo bakhutshwe ebandleni lobuKrestu, bekwakhutshwa nguThixo kubukumkani bukaKrestu. Ke, ukuba bayathembisa, babonise inkqubo entsha, banokubuya bamkelwe babe ngamalungu kaKrestu nawebandla lakhe.

Ubungqina: UMateyu 18:15-17; 1 kwabaseKorinte 5:4-5,11; 2 kwabaseKorinte 2:6-8.

EZINGOMBULELO

ICAWE 32

86 **Umbuzo:** ***Ekubeni ke sikhululwe ekonakaleni kwethu sasindiswa nguKrestu ngaphandle kweyethu imizamo, ngobabalo kuphela, kusafuneka ngani na ukuba senze imisebenzi elungileyo?***

Impendulo: Kungokuba uKrestu wasihlawulela wasisindisa ngegazi lakhe, esihlaziya ngokomfuziselo wakhe ngoMoya wakhe oyiNgcwele, ukuze ngabo bonke ubomi bethu simbulele uThixo ngeentsikelelo zakhe, **(a)** nokuze azukiswe sithi **(b)**. Sikwafanele ukwenza imisebenzi elungileyo ukuze omnye nomnye athi ngeziqhamo azithwalayo aqiniseke ngokholo lwakhe **(c)**, aze nommelwane wethu aguqukele kuKrestu ngenxa yehambo yethu yokukholisa uThixo **(d)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseRoma 6:13; 12:1-2; 1 kaPetros 2:5,9; 1 kwabaseKorinte 6:20.
(b) UMateyu 5:16; 1 kaPetros 2:12.
(c) 2 kaPetros 1:10; UMateyu 7:17; KwabaseGalati 5:6,22.
(d) 1 kaPetros 3:1-2; KwabaseRoma 14:19.

87 **Umbuzo:** ***Ngaba banokusindiswa na abo bahlalayo kubomi babo benkohlakalo nobungenambulelo, bengekaguqukeli kuThixo?***

Impendulo: Nakanye; kuba izibhalo zethi akukho mntu unamanyala, namkhonzi wazithixo, namkrexezi, nasela, nabawa, nanxila, namnyelisi, nasihange, nawuphina unjalo, uya kuba nenxaxheba kubukumkani bukaThixo.

Ubungqina:

1 kwabaseKorinte 6:9-10; KwabaseEfese 5:5-6; 1 kaYohane 3:14.

ICAWE 33

88 **Umbuzo:** ***Inguquko eyiyo iluhlobo luni na?***

Impendulo: Ikukufa ngokomntu omdala nokuvuka ngokomntu omtsha.

Ubungqina:

KwabaseRoma 6:1,4-6; KwabaseEfese 4:22-24; KwabaseKolose 3:5-6, 8-10; 1 kwabaseKorinte 5:7; 2 kwabaseKorinte 7:10.

89 **Umbuzo:** ***Ukufa ngokomntu omdala kuyintoni na?***

Impendulo: Kukuzohlwaya ngenene ngenxa yokuba simqumbisile uThixo ngezono zethu, siye ngakumbi nangakumbi sizithiye izono, sizikhalale.

Ubungqina:
KwabaseRoma 8:13; UYoweli 2:13; UHezekile 6:1.

90 **Umbuzo:** ***Ukuvuka ngokomntu omtsha kuyintoni na?***
Impendulo: Kuluchwayito olululo kuThixo ngenxa kaKrestu **(a)**; kukwangumnqweno novuyo lokuqhuba ngentlalo yemisebenzi elungileyo ngokwentando kaThixo **(b)**.
Ubungqina:
(a) KwabaseRoma 5:1; 14:17; UIsaya 57:15.
(b) KwabaseRoma 6:10-11; KwabaseGalati, 2:20.

91 **Umbuzo:** ***Ke, yintoni na imisebenzi elungileyo?***
Impendulo: Kuphela yileyo iphuma kukholo olululo **(a)**, isenziwa ngokomthetho kaThixo **(b)**, isenzelwa uzuko lwakhe **(c)**, ingeyiyo imisebenzi esekelwe phezu kwezimvo zabantu okanye phezu kwezithethe zabo **(d)**.
Ubungqina:
(a) KwabaseRoma 14:23.
(b) ILevitikus 18:4; 1 kaSamuweli 15:22; KwabaseEfese 2:10;
(c) 1 kwabaseKorinte 10:31.
(d) UHezekile 20:18-19; UIsaya 29:13; UMateyu 15:7-9.

ICAWE 34

92 **Umbuzo:** ***Uthini na umthetho kaThixo?***
Impendulo: UThixo wawathetha onke la mazwi (IEksodus 20:1-17; IDuteronomi 5:6-21), wathi: **"**NdinguYehova, uThixo wakho, owakukhupha ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka.

Umthetho wokuqala
Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam.

Umthetho wesibini
Uze ungazenzeli umfanekiso oqingqiweyo, nokuba ngowayiphi na into emilise esezulwini phezulu, nasemhlabeni phantsi, nasemanzini aphantsi komhlaba. Uze ungaqubudi kwezo nto, ungazikhonzi: kuba mna, Yehova Thixa wakho, ndinguThixo onekhwele, ndibuvelela ubungwenxa boyise konyana, kwesesithathu nakwesesine isizukulwana sabandithiyileyo; ndiwenzele inceba amawaka abandithandayo, abayigcinayo imithetho yam.

Umthetho wesithathu
Uze ungafumane ulibize igama likaYehova uThixo wakho; kuba uYehova akayi kumenza omsulwa ofumana alibize igama lakhe.

Umthetho wesine
Khumbula umhla wesabatha, ukuba uwungcwalise. Wosebenza imihla emithandathu, uwenze wonke umsebenzi wakho; ke wona umhla wesixhenxe

uyisabatha kaYehova uThixo wakho. Uze ungenzi namnye umsebenzi ngawo, wena, nonyana wakho, nentombi yakho, nesicaka sakho, nesicakakazi sakho, nezinto zakho ezizitho zine, nowasemzini osemasangweni akho: kuba ngemihla emithandathu uYehova wenza izulu, nomhlaba, nolwandle, neento zonke ezikwezo zinto, waphumla ngomhla wesixhenxe; ngenxa yoko uYehova wawusikelela umhla: wesabatha, wawungcwalisa.

Umthetho wesihlanu
Beka uyihlo nonyoko, ukuze yolulwe imihla yakho emhlabeni akunika wona uYehova uThixo wakho.

Umthetho wesithandathu
Uze ungabulali.

Umthetho wesixhenxe
Uze ungakrexezi.

Umthetha wesibhozo
Uze ungebi.

Umthetho wethoba
Uze ungangqini ubungqina obubuxoki ngommelwane wakho.

Umthetho weshumi
Uze ungawunqweneli umzi wommelwane wakho. Uze ungamnqweneli umfazi wommelwane wakho, nesicaka sakhe, nesicakakazi sakhe, nenkomo yakhe, ne-esile lakhe, nanye into eyeyommelwane wakho.

93 Umbuzo: *Yahlulwe njani na le mithetho ilishumi?*

Impendulo: Ngokwamacwecwe amabini **(a)**: elokuqala lisifundisa ukuba masiziphathe njani na ngakuThixo; elesibini lisifundisa ngemfanelo yethu ngakubamelwane bethu **(b)**.

Ubungqina:
(a) IDuteronomi 4:13; IEksodus 34:28; IDuteronomi 10:34.
(b) UMateyu 22:37-40.

94 Umbuzo: *UThixo uyalela ntoni na kumthetho wokuqala?*

Impendulo: Undiyalela ukuba, ekubeni usindiso lomphefumlo luxabiseke kangaka, mandizishenxise kwizinto ezinje ngezi: ukukhonza izithixo **(a)**, ubugqi, ukuqondisisa kwathweleyo, iinkolelo **(b)**, nokuquqela kwabangasekhoyo nakuziphi na izidalwa **(c)**. Ewe, ndifanele ukuba ndimazi yena ukuphela koThixo oyinyaniso **(d)**, ndithembele kuye yedwa **(e)**, ndithi, ngolulamo nangomonde ndizithobe kuye **(f)**, ndilindele kuye yedwa konke okulungileyo **(g)**, ndimthande **(h)**, ndimoyike **(i)**, ndimzukise **(j)** ngentliziyo yam yonke. Oku mandikwenze, ndivuma ukuncama nasiphi na isidalwa kunokuba ndenze nencinane into echasene nentando yakhe **(k)**.

Ubungqina:
(a) 1 kaYohane 5:21; 1 kwabaseKorinte 6:10; 10:7,14
(b) ILevitikus 19:31; IDuteronomi 18:9-10.
(c) UMateyu 4:10; IsiTyhilelo 19:10; 22:8-9.
(d) UYohane 17:3,
(e) UYeremiya 17:5,7.
(f) 1 kaPetros 5:5; KumaHebhere 10:36; KwabaseKolose 1:11; KwabaseRoma 5:3-4; 1 kwabaseKorinte 10:10; KwabaseFilipi 2:14.
(g) INdumiso 104:27; UIsaya 45:7; KaYakobi 1:17.
(h) IDuteronomi 6:5; UMateyu 22:37.
(i) IDuteronomi 6:2; INdumiso 111:10; ImiZekeliso 1:7;9:10; UMateyu 10:28.
(j) UMateyu 4:10; IDuteronomi 10:20.
(k) UMateyu 5:29; 10:37; IZenzo 5:29.

95 **Umbuzo:** ***Kuyintoni na ukukhonza izithixo?***
Impendulo: Ukukhonza izithixo kukuthi ndiziyilele nto yimbi esikhundleni soThixo owa owazityhila eLizwini lakhe, okanye ndiziyilele nto yimbi ecaleni koThixo lowo, ndisuke ndibeke ithemba lam kuloo nto.
Ubungqina:
KwabaseEfese 5:5; 1 IziKronike 16:26; KwabaseFilipi 3:19; KwabaseGalati 4:8; KwabaseEfese 2:12; 1 kaYohane 2:23; 2 kaYohane 9; UYohane 5:23.

ICAWE 35

96 **Umbuzo:** ***UThixo ufuna ntoni kuthi ngomthetho wesibini?***
Impendulo: Asifanelanga sense imifanekiso sifanekise ngaye, asifanelanga simhlonele ngenye indlela noquba eyiphi ngaphandle kwendlela azityila ngayo yena eZwini lakhe.
Ubungqina:
(a) UIsaya 40:18-19,25; IDuteronomi 4:15-16; KwabaseRoma 1:23; IZenzo 17:29.
(b) 1 kaSamuweli 15:23; IDuteronomi 12:30; UMateyu 15:9.

97 **Umbuzo:** ***Imifanekiso ke ngoko masingayenzi konke na?***
Impendulo: Asikwazi kakade ukumfanekisa uThixo, ibe asivunyelwa-nga ukwenjenjalo **(a)**. Izidalwa zona kunokwenziwa imifanekiso yazo, ewe; kodwa uThixo uyasalela ukuba imifanekiso leyo siyinqule, okanye sinqule yena ngayo **(b)**.
Ubungqina:
(a) UIsaya 40:25.
(b) IEksodus 34:17; 23:24; 34:13; INumeri 33:52.

98 **Umbuzo:** ***Ke imifanekiso ngaba ayinakwamkelwa na ezindlwini zecawa ibe ziincwadi ezinokufundwa ngabantu?***

Impendulo: Hayi, kuba asifanele kuzenza abalumkileyo kunoThixo, ongafuni ukuba abantu bakhe bafundiswe ngemifanekiso ezizimumu **(a)**, enqwenela ukuba bafundiswe ngokushunyayelwa okuphilileyo kweLizwi lakhe **(b)**.

Ubungqina:

(a) UYeremiya 10:8; UHabhakuki 2:18-19.

(b) KwabaseRoma 10:14-15,17; 2 kaPetros 1:19; 2 kuTimoti 3:16-17.

ICAWE 36

99 Umbuzo: *Kuyalezwa ntoni na kumthetho wesithathu?*

Impendulo: Kuyalezwa ukuba singathi ngokutshabhisa uThixo**(a)**, nangokufunga ubuxoki **(b)**, nangokufumana sifunge **(c)**, silinyelise igama lakhe, sifumane silibize. Ngaphezu koko, naxa singabakhalimeli abenjenjalo, soba netyala nathi kwezo zono zoyikekayo **(d)**. Ngokufutshane, umthetho wesithathu uyaleza ukuba silibize ngentlonelo nangembeko igama elingcwele lukaThixo **(e)**, ukuze simfume **(f)**, simnqule ngokufanelekileyo **(g)**, azukiswe yena ngamazwi nangemisebenzi yethu yonke **(h)**.

Ubungqina:

(a) ILevitikus 24:15-16.

(b) ILevitikus 19:12.

(c) UMateyu 5:37.

(d) ILevitikus 5:1; ImiZekeliso 29:24.

(e) UYeremiya 4:12; UIsaya 45:23.

(f) UMateyu 10:32; KwabaseRoma 10:9-10.

(g) INdumiso 50:15; 1 KuTimoti 2:8.

(h) KwabaseKolose 3:17; KwabaseRoma 2:24; 1 KuTimoti 6:1.

100 Umbuzo: *Ngaba kusisono esikhulu kangako na ukulinyelisa igama likaThixo ngokufunga nangokutshabhisa, kangangokude uThixo aqumbele kwanabo bangakunqandiyo bakwale?*

Impendulo: Ewe, kaloku **(a)**, kuba akukho sono sikhulu nesimqumbisayo uThixo kunesi sokulinyelisa igama lakhe. Ngenxa yoko wayaleza ukuba abulawe olinyelisayo **(b)**.

Ubungqina:

(a) ImiZekeliso 29:24; ILevitikus 5:1. | **(b)** ILevitikus 24:16.

ICAWE 37

101 Umbuzo: *Sinako kodwa ukulifunga igama likaThixo ngendlela emkholisayo na?*

Impendulo: Ewe, ukuba umbuso ulindele loo nto kubantu abaphantsi kwawo; okanye xa kufuneka oko ukuze kuqinisekidwe intembeko nenyaniso, ngakumbi xa ndifungela ummelwane wam ngenxa yozuko lukaThixo. Isifungo esilolo

hlobo sisekelwe phezu kweLizwi lukaThixo [a]. Kungoko sasetyenziswa ngendlela eyiyo ngabangcwele beNdala neNtsha iTestamente [b].

Ubungqina:

[a] IDuteronomi 6:13; 10:20; UIsaya 48:1; KumaHebhere 6:16.

[b] IGenesis 21:24; 31:53; UYoshuwa 9:15; 1 kaSamuweli 24:23; 2 kaSamuweli 3:35; 1 OoKumkani 1:29; KwabaseRoma 1:9; 9:1; 2 kwabaseKorinte 1:23.

102 Umbuzo: *Kuvumelekile na ukuba ndifunge abangcwele naziphi na izidalwa?*

Impendulo: Hayi, kuba isifungo esivumelekileyo sibiza uThixo, okukuphela kozaziyo iintliziyo, ukuba angqinele inyaniso, andohlwaye ukuba ngaba ndifunga ubuxoki [a]. Le mbeko ayifanelanga zidalwa [b].

Ubungqina:

[a] 2 kwabaseKorinte 1:23; KwabaseRoma 9:1.

[b] UMateyu 5:34-36; KaYakobi 5:12.

ICAWE 38

103 Umbuzo: *Thixo uyaleza ntoni na kumthet ho wesine?*

Impendulo: Kuqala: ulungiselelo lweendaba ezilungileyo kwanemfundiso yobuKrestu maziqhuthwe [a]. Nam mandithi, ngakumbi ngomhla wesabatha, oko kukuthi ngomhla wophumlo, ndikhuthale ekuhlanganeni kunye nebandla lukaThixo [b], ukuze siphulaphule iLizwi lakhe [c], sizisebenzise iisakramente [d], simnqule ekuhleni uThixo iNkosi [e], size sinikele amahlwempu amalizo obuKrestu [f]. **Okwesibini:** uThixo undiyaleza ngalo mthetho ukuba mandithi, ngazo zonke iintsuku zobomi bam, ndiziyeke izenzo zam ezibi, ndiyivumele iNkosi ukuba isebenze kum ngoMoya wayo, ndize ngokwenjenjalo ndiyiqale kwakobu bomi isabatha engunaphakade [g].

Ubungqina:

(a) KuTito 1:5; 2 KuTimoti 3:14; 1 kwabaseKorinte 9:13-14; 1 KuTimoti 2:2; 3:15.

[b] INdumiso 40:9-10; 68:26; IZenzo 2:42.

[c] 1 KuTimoti 4:13; 1 kwabaseKorinte 14:29.

[d] 1 kwabaseKorinte 11:33.

[e] 1 kuTimoti 2:1; 1 kwabaseKorinte 14:16.

[f] 1 kwabaseKorinte 16:2

[g] UIsaya 66:23.

ICAWE 39

104 **Umbuzo:** ***UThixo ufuna ntoni na kum ngomthetho wesihlanu?***
Impendulo: Ufuna ukuba ndibabeke, ndibathande, ubawo noma **(a)** nabo bonke endiphantsi kwabo, ndithembeke phambi kwabo **(b)**. Kufuneka ndizithobe kwimiyalelo yabo nengqeqesho yabo elungileyo, ndibunyamezele ubuthathaka nokungafezeki kwabo, ndisazi ukuba kukholekile kuThixo ukuba asiphathe ngesandla sabo **(b)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseEfese 6:1-2,5; KwabaseKolose 3:18,20,22; KwabaseEfese 5:22; ImiZekeliso 1:8; 4:1; 15:20; 20:20; IEksodus 21:17; KwabaseRoma 13:1.
(b) ImiZekeliso: 23:22; IGenesis 9:24; 1 kaPetros 2:18.
(c) KwabaseEfese 6:4,9; KwabaseKolose 3:20; KwabaseRoma 13:2,3; UMateyu 22:21.

ICAWE 40

105 **Umbuzo:** ***UThixo ufuna ntoni kum ngomthetho wesithandathu?***
Impendulo: Ufuna ukuba ummelwane wam ndingameyi, okanye ndimthiye, okanye ndimenzakalise, okanye ndimbulale, ngokucinga nangokuthetha nangokuziphatha nangokwenza kwam nakwabanye abantu **(a)**. Kufuneka ndahlukane nako konke ukuphindezela no lunya **(b)**. Kwakhona, akufuneki ndizilimaze, okanye ndibenze isichenge ubomi bam **(c)**. Kungoko nawo umbuso ugunyazisiwe ukuba unqande imbulalo **(d)**.

Ubungqina:

(a) UMateyu 5:21-22; 26:52; IGenesis 9:6.
(b) KwabaseEfese 4:26; KwabaseRoma 12:19; UMateyu 5:25; 18:35.
(c) KwabaseRoma 13:14; KwabaseKolose 2:23; UMateyu 4:7.
(d) IGenesis 9:6; IEksodus 21:14; UMateyu, 26:52; KwabaseRoma 13:4.

106 **Umbuzo:** ***Ngaba uthetha ngokubulala kuphela lo mthetho?***
Impendulo: Ngokuchasa ukubulala uThixo usifundisa ukuba uzithiyile zonke izinto ezibangela ukubulala, ezinjengomona **(a)**, nentiyo **(b)**, nomsindo **(c)**, nomnqweno wokuziphindezela, ezibalela zonke ezo ngokuthi sezikukubulala ngokwazo **(d)**.

Ubungqina:

(a) ImiZekeliso 14:30; KwabaseRoma 1:29.
(b) 1 kaYohane 2:11.
(c) KaYakobi 1:20; KwabaseGalati 5:19-20.
(d) 1 kaYohane 3:15.

107 **Umbuzo:** ***Kodwa ngaba kwanele na ukuba singaze simbulale ummelwane, njengokuba kuchazwe ngentla apha?***

Impendulo: Hayi, akwaneli, kuba ekubeni uThixo esalela umona nentiyo nomsindo, usiyalela ukuba simthande ummelwane wethu njengokuba sizithanda ngako **(a)**, simphathe ngomonde nangoxolo nangobulali nangenceba nangobubele **(b)**, simkhusele inkxwalekweni ngako konke esinako **(c)**, neentshaba zethu sizenzele okulungileyo **(d)**.

Ubungqina:

(a) UMateyu 22:39; 7:12; KwabaseRoma 10.

(b) KwabaseEfese 4:2; KwabaseGalati 6:1-2; UMateyu 5:5; KwabaseRoma 12:18; ULuka 6:36; UMateyu 5:7; 1 kaPetros 3:8; KwabaseKolose 3:12.

(c) IEksodus 23:5.

(d) UMateyu 5:44-45; KwabaseRoma 12:20.

ICAWE 41

108 **Umbuzo:** ***Umthetho wesixhenxe usifundisa ntoni na?***

Impendulo: Usifundisa ukuba konke okungenyulu kuqalekisiwe nguThixo **(a).** Ngenxa yoku sifanele ukukuthiya oko ngentliziyo iphela **(b).** Abatshatileyo mabangakrexezi, kwaye mabaziphathe ngokufanelekileyo omnye komnye. Abangatshatanga mabancame ubudlelane ngokomzimba de batshate **(c).**

Ubungqina:

(a) ILevitikus 18:28.

(b) UYuda 23.

(c) 1 kwabaseTesalonika 4:3-5; KumaHebhere 13:4; 1 kwabaseKorinte 7:7.

109 **Umbuzo:** ***Kuwo lo mthetho ngaba uThixo walela ukrexezo nezinye izono ezinxulumene nalo kuphela na?***

Impendulo: Ngenxa yokuba uyitempile yoMoya oyiNgcwele umzimba wethu kwanomphefumlo wethu, uThixo unqwenela ukuba siyigcine inyulu ikwangcwele yomibini. Ngenxa yoko ke, uyakwalela konke ukwenza nokuziphatha nokuthetha **(a)** nokucinga nokukhanuka okungenyulu **(b)**, nako konke okunokulukuhla umntu ukuba akwenze **(c)**.

Ubungqina:

(a) KwabaseEfese 5:3-4; 1 kwabaseKorinte 6:18-19.

(b) UMateyu 5:27-28.

(c) KwabaseEfese 5:18; 1 kwabaseKorinte 15:33.

ICAWE 42

110 **Umbuzo:** ***UThixo usalela ntoni na kumthetho wesibhozo?***

Impendulo: UThixo ukaneli nje ukwalela obo busela **(a)** nobo buphangi **(b)** bunokohlwaywa ngumbuso. Hayi, ngalo eli gama lobusela

walatha zonke iindlela zenkohlakalo nezamaqhinga esinokuthi ngazo sizithabathele kuthi izinto zabamelwane bethu [c], nokuba sikwenza oko ngokungonyamela, nokuba sikwenza ngokukhohlisa ngezinto ezinjengezi: isikali nesilinganiso esikhohlisayo, ukuqhatha ngentengiso [d], ubuqhetseba, ukubadla imali abantu [e], nokuya yiyiphi na indlela ayalileyo uThixo. Kuchasiwe nako konke ukubawa [f] kwanokuchithwa kwezipho zikaThixo [g].

Ubungqina:

[a] 1 kwabaseKorinte 6:10.
[b] 1 kwabaseKorinte 5:10; UIsaya 33:1.
[c] ULuka 3:14; 1 kwabaseTesalonika 4:6.
[d] ImiZekeliso 11:1; 16:11; UHezekile 45:9-10; IDuteronomi 25:13.
[e] INdumiso 15:5; ULuka 6:35.
[f] 1 kwabaseKorinte 6:10.
[g] ImiZekeliso 23:20-21; 21:20.

111 Umbuzo: *Ke ukuyaleza ntoni na uThixo kulo mthetho?*

Impendulo: Undiyaleza okokuba ndimkhathalele ummelwane wam ngako konke endinako, ndimphathe kwangendlela endinqwenela ukuba ndiphathwe ngayo ngabanye [a]. Ngapha koko, ndiyalezwa ukuba ndisebenze ngokuthembekileyo, ukuze ndibe nako ukubanceda abasweleyo [b].

Ubungqina:

[a] UMateyu 7:12.
[b] KwabaseEfese 4:28.

ICAWE 43

112 Umbuzo: *Umthetho wethuba uyaleza ntoni na?*

Impendulo: Uyaleza ukuba ndingangqini bungqina babuxoki nangakubani na [a], ndingawagqwethi amazwi akhe [b], ndingahlebi bantu ndibanyelise [c], ndingangxami ukugweba umntu, okanye ndincedisane nabanye ukumgweba, engekaviwa [d]. Hayi mandiziyeke zonke iintlobo zobuxoki nezenkohliso [e], ziyimisebenzi kamtyholi nje, hleze ndizibizele ingqumbo enzima kaThixo [f]. Kwangokunjalo mandithi, enkundleni naphi na, ndiyithande inyaniso, ndiyithethe, ndiyivume ngokuthe tye [g], ndilikhusele, ndiliphakamise kangangoko ndinako igama lommelwane wam kwanesimilo sakhe [h].

Ubungqina:

[a] ImiZekeliso 19:5,9; 21:28.
[b] INdumiso, 15:3; 50:19-20.
[c] KwabaseRoma 1:30.
[d] UMateyu 7:1; ULuka 6:37.
[e] UYohane 8:44.
[f] ImiZekeliso 12:22; 13:5.
[g] 1 kwabaseKorinte 13:6; KwabaseEfese 4:25.
[h] 1 kaPetros 4:8.

ICAWE 44

113 **Umbuzo:** ***Umthetho weshumi usiyaleza ntoni na?***
Impendulo: Uyaleza ukuba kungakhe kuvele entliziyweni yethu nentwana yenkanuko nengcamango yokuchasana nomthetho kaThixo, koko sithi, ngamaxesha onke, sizithiye egazini zonke izono, sibuthande ubulungisa bonke.
Ubungqina:
KwabaseRoma 7:7.

114 **Umbuzo:** ***Ke, ngaba banako na ukuyigcina yonke le mithetho abo baguqukele kuThixo?***
Impendulo: Hayi abanako, kuba nabona bantu bangcwele, besekobubomi, basaqalisa nje kancinci ukumphulaphula uThixo **(a)**. Kodwa ukuba ngaba bazimisele ngokunyanisekileyo ukukwenza oku, boqala ukuziphatha ngokwemithetho yonke kaThixo **(b)**.
Ubungqina:
(a) 1 kaYohane 1:8; KwabaseRoma 7:14-15; INtshumayeli 7:20; 1 kwabaseKorinte 13:9.
(b) KwabaseRoma 7:22 INdumiso 1:2.

115 **Umbuzo:** ***Kungani na ke okokuba uThixo afune ukuba ivakaliswe kabukhali kuthi imithetho elishumi, ekubeni kungekho namnye kobu bomi unokuyigcina?***
Impendulo: Kuqala: kungenxa yokuba sithi, ngabo bonke ubomi bethu, siye sibazi ngokubazi ubume bethu besono **(a)**, ukuze silunqwenele ngakumbi uxolelo lwezono kwanobulungisa kuKrestu kuphela **(b)**. Okwesibini: kukuze sihlale sizimisele, simthandaza uThixo ukuba asibabale ngoMoya oyiNgcwele, ukuze sihlaziyeke ngokuhlaziyeka ngokomfuziselo kaThixo, side sifikelele engqibelelweni esibekelwe yona kubomi obuzayo **(c)**.
Ubungqina:
(a) KwabaseRoma 3:20; 1 kaYohane 1:9; INdumiso 32:5.
(b) UMateyu 5:6; KwabaseRoma 7:24-25.
(c) 1 kwabaseKorinte 9:24; KwabaseFilipi 3:12-14.

ICAWE 45

116 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba umthandazo ube yimfuneko kumaKrestu?***
Impendulo: Kungenxa yokuba usesona sahlulo sikhulu sombulelo awufuna kuthi uThixo **(a)**. Kwakhona, kungenxa yokuba uThixo unqwenela ukunika ubabalo lwakhe kwanoMoya wakhe oyiNgcwele kwabo kuphela bathi bakucele oko ngentliziyo etyumkileyo, bezingisa, bekwanombulelo **(b)**.

Ubungqina:
(a) INdumiso 50:14.
(b) UMateyu 7:7; ULuka 11:9,13; 1 kwabaseTesalonika 5:17.

117 Umbuzo: *Umthandazo owamkeleke kuThixo nonokuviwa nguye, kufuneka ube njani?*

Impendulo: Kuqala, kufuneka simnqule uThixo okukuphela kwakhe noyinyaniso, owazityhilela thina eLizwini lakhe **(a)**, sithi ngentliziyo sithandazele konke awasiyalela kona ukuba sikucele kuye **(b)**. **Okwesibini,** kufuneka sizazi ngokunzulu iintswelo zethu kwanemeko yethu elusizi **(c)** ukuze sibe nokuzithoba phambi kobungangamsha bakhe **(d)**. **Okwesithathu,** kufuneka sibe siqinisekile **(e)** ukuba ngokwenyani uThixo unqwenela ukuwuva umthandazo wethu ngenxa yeNkosi uKrestu **(f)**, njengokuba wasithembisayo eLizwini lakhe **(g)**, nangona umthandazo lowo ungongafanelekanga **(h)**.
Ubungqina:
(a) IsiTyhilelo 19:10; UYohane 4:22-24.
(b) UYohane 4:24; INdumiso 145:18.
(c) KwabaseRoma 8:26; 1 kaYohane 5:14; KaYakobi 1:5.
(d) 2 IziKronike 20:12.
(e) INdumiso 2:11; 34:18; UIsaya 66:2.
(f) KwabaseRoma 10:14; KaYakobi 1:6.
(g) UYohane 14:13; 16:23; UDaniyeli 9:18.
(h) UMateyu 7:8; INdumiso 27:8.

118 Umbuzo: *UThixo usiyalele ukuba sicele ntoni na kuye emthandazweni?*

Impendulo: Zonke iintswelo zomphefumlo nezomzimba, eyathi iNkosi uKrestu yaziqulatha emthandazweni eyasifundisa wona.
Ubungqina:
KaYakobi 1:17; UMateyu 6:33.

119 Umbuzo: *Uthini na ke lomthandazo weNkosi?*

Impendulo: Bawo wethu osezulwini.
Malingcwaliswe igama lakho;
Mabufike ubukumkani bakho;
Mayenziwe intando yakhe emhlabeni, njengasezulwini.
Siphe namhlanje isonka sethu semihla ngemihla.
Usixolele izono zethu, njengokuba nathi sibaxolela abo basonayo;
Ungasingenisi ekulingweni,
Koko sisindise kongendawo;
Ngokuba bobakho ubukumkani, namandla nozuko, ngonaphakade! Amen.
Ubungqina:
UMateyu 6:9-13; ULuka 11:2-4.

ICAWE 46

120 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba uKrestu asiyalele ukumbiza uThixo ngokuthi uBawo wethu?***

Impendulo: Kukuze athi uKrestu, kwasekuqalekeni komthandazo wethu, uvuselele kuthi ukumbeka uThixo nokumthemba ngokomntwana, kuba oko kusisiseko sokuthandaza kwethu, ekubeni uThixo waba nguBawo wethu ngaye uKrestu. Ngako oko ke, uya kusipha izinto esizicelayo kuye ngokholo olululo, ngokugqithisele kubazali bethu esicela kubo izinto zasemhlabeni.

Ubungqina:

UMateyu 7:9-11; ULuka 11:11-13.

121 **Umbuzo:** ***Kungani na ukuba kongezwe ngokuthi osezulwini?***

Impendulo: Kukuze singacamangi ngobungangamsha basezulwini bukaThixo ngokungathi bobasemhlabeni **(a)**, koko silindele kumandla akhe zonke izinto eziyimfuneko emzimbeni nasemphefumlweni **(b)**.

Ubungqina:

(a) UYeremiya 23:23-24; IZenzo 17:24-25,27.

(b) KwabaseRoma 10:12.

ICAWE 47

122 **Umbuzo:** ***Sithini na isicelo sokuqala?***

Impendulo: Sithi: **Malingcwaliswe igama lakho.** Oko kukuthi kuqala: senze ukuba sikwazi wena ngendlela eyiyo **(a)**, nobulungisa bakho, nenceba yakho, nenyaniso yakho **(b)**. linganyeliswa ngenxa yethu igama lakho, koko libekwe, lidunyiswe **(c)**.

Ubungqina:

(a) UYohane 17:3; UYeremiya 9:24; 31:33-34; UMateyu 16:17; KaYakobi 1:5; INdumiso 119:109.

(b) INdumiso 119:137; ULuka 1:46-47,68-69; KwabaseRoma 11:33.

(c) INdumiso 71:8; 115:1.

ICAWE 48

123 **Umbuzo: Sithini na isicelo sesibini?**

Impendulo: Sithi: **Mabufike ubukumkani bakho**. Oko kukuthi: Silawule ngeLizwi lakho nangoMoya wakho ukuze siye sizinikela ngokuzinikela kuwe **(a)**. Ligcine ibandla lakho ulandise **(b)**. Yichithe imisebenzi yomtyholi nalo lonke igunya elikuphakamelayo wena, uwachithe onke amaqhinga ayilwa ngokuchasene neLizwi lakho elingcwele **(c)**. Uze ukwenze konke oku, bude bufike ngokuzalisekileyo ubukumkani bakho **(d)**, ube ziinto zonke kubo bonke **(e)**.

Ubungqina:
(a) INdumiso 143:10; 119:5; UMateyu 6:33.
(b) INdumiso 51:18; 122:6.
(c) 1 kaYohane 3:8; KwabaseRoma 16:20.
(d) IsiTyhilelo 22:20; KwabaseRoma 8:22-23.
(e) 1 kwabaseKorinte 15:28.

ICAWE 49

124 **Umbuzo:** ***Sithini na isicelo sesithathu?***
Impendulo: Sithi: **Mayenziwe intando yakho emhlabeni njengasezulwini.** Oko kukuthi: Senze thina, nabo bonke abanye, ukuba siyincame eyethu intando **(a)**, sikuthobele, singaphikisani neyakho intando ekuphela kwelungileyo **(b)**, ukuze elowo nalowo athembeke ngentumekelelo emsebenzini wakhe naselubizweni lwakhe **(c)**, kwanjengezithunywa zezulu **(d)**.
Ubungqina:
(a) UMateyu 16:24; KuTito 2:11-12.
(b) ULuka 22:42; KwabaseEfese 5:10; KwabaseRoma 12:2.
(c) 1 kwabaseKorinte 7:24.
(d) INdumiso 103:20-21.

ICAWE 50

125 **Umbuzo:** ***Sithini na isicelo sesine?***
Impendulo: Sithi: **Siphe namhlanje isonka sethu**. Oko kukuthi: silondoloze ngako konke okuyimfuneko ngokomzimba **(a)**, ukuze sithi, ngako oko, sivume ukuba nguwe kuphela umthombo wako konke okulungileyo **(b)**, nokuze kubonakale ukuba ukuzixhamla kwethu kwanezipho zakho azinako ukusilungela zingasikelelwanga nguwe **(c)**. Ngako oko ke, masikholose ngawe wedwa, singakholosi nangasiphi na isidalwa **(d)**.
Ubungqina:
(a) INdumiso 145:15 104:27; UMateyu 6:26.
(b) KaYakobi 1:17; IZenzo 14:17; 17:27.
(c) 1 kwabaseKorinte 15:58; IDuteronomi 8:3; INdumiso 37:16; 127:1-2.
(d) INdumiso 55:22; 62:10; 146:3; UYeremiya 17:5,7.

ICAWE 51

126 **Umbuzo:** ***Sithini na isicelo sesihlanu?***
Impendulo: Sithi: **Sixolele izono zethu nje ngokuba nathi sibaxolela abo basonayo**. Oko kukuthi: yiba netaru kuthi, thina boni

baziintsizana, usixolele zonke izenzo zethu ezigwenxa nabo bonke ububi obusanamathela kuthi, wenjenjalo ngenxa yegazi likaKrestu [a]. Sikwaziva sinobu bungqina bobabalo lwakho bokuba kungumnqweno wethu onyanisekileyo wokumxolela ngokupheleleyo ummelwane wethu [b].

Ubungqina:

[a] INdumiso 51:1; 143:2; 1 kaYohane 2:1; KwabaseRoma 8:1.

[b] UMateyu 6:14.

ICAWE 52

127 **Umbuzo:** ***Sithini na isicelo sesithandathu?***
Impendulo: Sithi: **Ungasiyekeli ekulingweni, koko sisindise kongendawo.** Oko kukuthi: Sibuthathaka thina, singenako ukuma namzuzwana [a]. Ewe, nezona ntshaba zethu, ezingumtyholi [b] nehlabathi [c] neenkanuko zenyama yethu [d], aziyeki ukusihlasela. Ngenxa yoko sicela ukuba usigcine, usomeleze ngawo amandla oMoya oyiNgcwele, ukuze singoyiswa kweli dabi lomoya [e], sihlale sibe nako ukuchasana nazo, side soyise, siphumelele geqe [f].

Ubungqina:

[a] UYohane 15:5; INdumiso 103:14.

[b] 1 kaPetros 5:8; KwabaseEfese 6:12.

[c] UYohane 15:19.

[d] KwabaseRoma 7:23; KwabaseGalati 5:17.

[e] UMateyu 26:41; UMarko 13:33.

[f] 1 kwabaseTesalonika 3:13; 5:23.

128 **Umbuzo:** ***Umthandazo wakho uwuqukumbela ngokuthini?***
Impendulo: Ngokuthi: **Ngokuba bobakho ubukumkani, namandla, nozuko, ngonaphakade**. Oko kukuthi: Sithandaza sicela konke oku kuwe, ngenxa yokuba wena, onguKumkani wethu onamandla ophethe zonke izinto, uthanda ukusinika konke okulungileyo, ukwanamandla okusinika oko [a]. Konke oko makwenzeke ngenjongo yokuba lidunyiswe igama lakho, kungengajongo yakuba sidunyiswe thina [b].

Ubungqina:

[a] KwabaseRoma 10:12; 2 kaPetros 2:9.

[b] UYohane 14:13; UYeremiya 8-9; INdumiso 115:1.

129 **Umbuzo:** ***Lithetha ntoni na iganyana elithi: "Amen"?***
Impendulo: Lifuna ukuthi: ngokuqinisekileyo kuya kwenzeka oku. Kaloku ukuviwa komthandazo wam nguThixo kuqinisekile kunokuziva kwam ukuba ndinqwenela into kaThixo.

Ubungqina:

2 kwabaseKorinte 1:20; 2 kuTimoti 2:13.